 - (b) ngokomyalelo wenkundla yamatyala;
 - (c) uxela nje ngokuthe gabalala engabhekisi kumcimbi okanye iinkonzo zomceli wephepha-mvume okanye umnikwa wephepha-mvume othile; 40
 - (d) uxela ulwazi kumKomishinala weNkonzo yokuqokelelwa kwerhafu yaseMzantsi Afrika;
 - (e) uxelela uMphathiswa, kwaye
 - (f) uxelela nabani na ofunela ukwazi ukwenza imisebenzi yakhe ngaphantsi kwalo Mthetho. 45

Iintlanganiso zeBhodi

- 13.** (1) (a) IBhodi kufuneka idibane amatyeli amane ubuncinane ngonyaka ngendlela nemihla, amaxesha kunye neendawo ezinokuthi ziqingqwe yiBhodi.
- (b) USihlalo weBhodi angayibiza intlanganiso eyodwa yeBhodi enokubanjwa ngexesha nakwindawo eqingqwe nguye kwaye kufuneka emva kwesicelo esibhaliweyo saza sasayinwa ubuncinane ngamalungu amathathu eBhodi, abize intlanganiso eyodwa yeBhodi enokubanjwa kwiiveki ezimbini emva kokufunyanwa kweso sicelo, ngexesha kunye nendawo eqingqwe nguye. 50

- (2) UMphathiswa kufuneka amisele inkqubo emayilandelwe kwintlanganiso yeBhodi.
- (3) Inkqubo kwintlanganiso yeBhodi kufuneka xa ithe yaba ayimiselwanga, ibe iqingqwe nguSihlalo.
- (4) Inani elifunekayo labantu abanokusingatha imicimbi yentlanganiso yeBhodi sisihlanu. 5
- (5) Nayiphi na intlanganiso inokurhoxiselwa ixesha elithile, kwindawo ethile nangezizathu ezithile nanjengoko uSihlalo anokubona kufanele.
- (6) Isigqibo seBhodi sithatyathwa sisininzi seevoti esenziwa ngamalungu akhoyo ezintlanganisweni zayo, xa kuthe kwakho ukulingana kweevoti kumcimbi othile, uSihlalo unevoti ephumeza isigqibo. 10
- (7) Akukho sigqibo seBhodi esinokungabi semthethweni ngenxa yokuba kukho isithuba kwiBhodi okanye ubani okhoyo nongelilo ilungu elisemthethweni leBhodi ngelixa kuthatyathwa isigqibo: Ngaphandle kokuba isigqibo sathatyathwa sisininzi esifunekayo samalungu eBhodi akhoyo kwaye anelungelo lokubakho njengamalungu eBhodi. 15

Imizuzu

14. (1) Iinkqubo zeBhodi mazibhalwe ngendlela ethi iqingqwe nguSihlalo, kwaye kufuneka xa kuthe kwavotwa oko kubonise ivoti yelungu ngalinye.
- (2) Imizuzu yentlanganiso yeBhodi mayigcinwe kwaye kufuneka igcinwe kwii-ofisi zeBhodi. 20

ISAHLUKO 3

ISIGQEBA SELAYISENISI YEZOTYWALA NENKUNDLA YAMATYALA YEZIBHENO YASENTSHONA KOLONI

Ukusekwa kweSiGqeba seLayisenisi yezoTywala 25

15. (1) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala saseNtshona Koloni sithe sasekwa.
- (2) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala kufuneka senze imisebenzi yaso ngokwemimiselo yalo Mthetho, singabi namkhethe kunye nakoyika, singenzeleli okanye singaqali sigwebe.
- (3) IBhodi kufuneka yongamele ulawulo lwesiGqeba seLayisenisi yezoTywala kodwa ayinako ukususa nokutshintsha nasiphi na isigqibo seNkundla yamatyala esithatyathwe xa kusenziwa nawo nawaphi na amagunya nemisebenzi yawo ngokwemigaqo yecandelo 20. 30

Ukwakheka kwesiGqeba seLayisenisi yezoTywala kwanokuchonga kunye nokonyulwa kwamalungu esiGqeba seLayisenisi yezoTywala 35

16. (1) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala siba—
- (a) nelungu elinye elineziqinisekiso zomthetho ezilingana nezo zifunekayo ukuze ubani amkelwe njengqgqetha leNkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika kwaye elinamava kwezolawulo lobulungisa, linyulwa yiBhodi njengeGosa eLongameleyo; 40
- (b) nelungu elinye elineziqinisekiso ezixelwe kumhlathi (a) linyulwa yiBhodi njengeSekela leGosa eLongameleyo;
- (c) nelungu elinye elimele uburhulumente basekhaya, linyulwa yiBhodi emva kokubonisana noMphathiswa ojongene noburhulumente basekhaya kwiPhondo; 45
- (d) nelungu elinye elilipolisa elikwisikhundla sobuPhathi okanye nangaphezulu, linyulwa yiBhodi yokubonisana nomKomishinala weeNkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika kwiPhondo kwakunye noMphathiswa ojongene nokhuseleko loluntu kwiPhondo; kunye
- (e) nabahlali ababini beRiphabhliki, abangabemi abasisigxina kwiPhondo bonyulwa yiBhodi. 50
- (2) Amalungu anyulwa ngokwenkqubo emiselweyo, ethi inike uluntu inxaxheba yokunyula abagqatswa ekuthethwe ngabo kwicandelwana 1(a), (b) no (e).
- (3) Ukuba ngaba iGosa eLongameleyo alikwazi ukwenza imisebenzi yalo okanye ukuba ngaba isikhundla seGosa eLongameleyo asinamntu, kufuneka iSekela leGosa eLongameleyo ngethuba lingekho iGosa eLongameleyo okanye de kufikelele kwixesha 55

apho iGosa eLongameleyo linyulwa khona, lenze umsebenzi weGosa eLongameleyo kwaye liwenze njengoko usitsho lo Mthetho.

(4) Phambi kokuba ilungu lesiGqeba seLayisenisi yezoTywala linyulwe, umgqatswa kufuneka afake iphepha elifungelweyo kwiBhodi apho azichazayo ukuba akathinteleki ngokwemigaqo yecandelo 17. 5

(5) IBhodi ibonisana noMphathiswa ingathi nangaliphi na ixesha ifune ubungqina obuya kuthi buyanelise ngokuqhubeka kokufaneleka kwelungu okanye ilungu eliza kunyulelwa kwisiGqeba seLayisenisi yezoTywala, okanye isenokuthi igunyazise ukuba kwenziwe uphando ngokubhekiselele kulo mba.

Ukuthintelwa ukunyulwa njengelungu lesiGqeba seLayisenisi yezoTywala 10

17. Aba bantu balandelayo bayathintelwa ukuba banganyulwa, bangaqhubeka okanye bangasebenza njengamalungu esiGqeba seLayisenisi yezoTywala—

- (a) nabani na kule minyaka ilishumi (10) ingaphambili othe wagwetyelwa ulwaphulo-mthetho kunye nokugwetyelwa entolongweni ngaphandle kwentlawulo, ngaphandle kokuba iBhodi ibona ukuba olo lwaphulo-mthetho alumenzi loo mntu abe ngumntu ongafanelekanga ukubamba isikhundla eso; 15
- (b) nabani na kule minyaka ilishumi (10) ingaphambili othe wagwetyelwa ulwaphulo-mthetho ngokwalo Mthetho, uMthetho woTywala okanye uMthetho woTywala, 1989 (uMthetho wa-27 ka-1989), ngaphandle kokuba iBhodi ibona ukuba olo lwaphulo-mthetho alumenzi loo mntu abe ngumntu ongafanelekanga ukubamba isikhundla eso; 20
- (c) umntu otshonileyo ongenakubuyiselwa kwimeko abe kuyo, okanye nabani ojongene nokungabinako okusemthethweni;
- (d) nabani na ongaphantsi kobudala obuyiminyaka engamashumi amabini anesihlanu (25); 25
- (e) nabani na onenzuzo ayifumanayo kwishishini lotywala;
- (f) nabani na, olilungu losapho, umlingane okanye iqabane kwezoshishino lomntu onenzuzo ngqo kurhwebo lotywala, ngaphandle kokuba iBhodi ibona ukuba inzuzo yelungu losapho kurhwebo lotywala ayitsho ukuba akanakulunga ukuba angabamba isikhundla; 30
- (g) nabani na othinteleka ngokwecandelo 35 ukuba abe nephepha-mvume lotywala, okanye
- (h) ongengommi wePhondo.

Ixesha lokusebenza kwamalungu eSiGqeba seLayisenisi yezoTywala

18. (1) ILungu lesiGqeba seLayisenisi yezoTywala lisebenza ixesha elingadluliyo kwiminyaka emihlanu (5), nanjengoko iBhodi inokuqingqa ngexesha lokunyulwa kwelungu. 35

(2) IBhodi ingalinyula kwakhona ilungu lesiGqeba seLayisenisi yezoTywala ngendlela emiselweyo ilonyulela elinye ixesha elingadluliyo kwiminyaka emihlanu (5), nanjengoko iBhodi inokuqingqa ngexesha lokunyulwa kwelungu kwakhona. 40

(3) Ukunyulwa kwakhona kwelungu okuxelwe kwicandelo 16 (1) (c) no (d) kungenziwa emva kokubonisana noMphathiswa ojongene noburhulumente basekhaya kwiPhondo, okanye umKomishinala weeNkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika kwakunye noMphathiswa ojongene nokhuseleko loluntu kwiPhondo, ngokulandelelanayo. 45

(4) Isithuba esikwiSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kufuneka sigcwaliswe ngokuthi kunyulwe elinye ilungu yiBhodi.

Ukunqunyanyiswa kobulungu beSiGqeba seLayisenisi yezoTywala

19. Isithuba sokuba lilungu leSiGqeba seLayisenisi yezoTywala sithi sivuleke xa—

- (a) ilungu elo libhalele incwadi yokurhoxa iBhodi: Ngaphandle kokuba ukurhoxa oko kuqala ngomhla obhalwe kwincwadi yokurhoxa okanye nakuwuphi na umhla ekuvunyenwe ngawo phakathi kwelungu neBhodi; 50
- (b) elo lungu lithi lithinteleke ekubeni lhlale lililungu leSiGqeba seLayisenisi yezoTywala;
- (c) elo lungu liye alabikho kwiintlanganiso zade zantathu zilandelelana zesiGqeba seLayisenisi yezoTywala ngaphandle kwemvume ebhaliweyo 55

yeGosa eLongameleyo, okanye iSekela leGosa eLongameleyo xa kuyimfuneko;

- (d) ukuba lilungu kwelo lungu kufikelele esiphelweni;
- (e) ukuba lilungu kwelo lungu kunqunyanyiswe yiBhodi: Ngaphandle kokuba iBhodi ayinako ukulinqumamisa ilungu ekubeni lilungu ngokuthi iqwalasele ukuba oko kusemdleni woluntu okanye kusemdleni wolawulo olululo lwalo Mthetho; kunye
- (f) nokuba ilungu elo alisengummi wePhondo.

Amagunya nemisebenzi yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala

20. (1) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala sinokuqwalasela nayiphi na kule miba ilandelayo kwiintlanganiso zayo—

- (a) nasiphi na isicelo sephepha-mvume esixelwe kwicandelo 33 okanye 48;
- (b) nasiphi na isicelo sokudluliselwa kwephepha-mvume ngokwemigaqo yecandelo 63 (9); (Cc) ukumela okanye ukungameli mntu ekunikweni kwezicelo;
- (d) nayiphi na ingxelo efakwe ligosa lotywala elinyuliweyo, umhloli okanye igosa likamasipala;
- (e) nasiphi na isikhalazo esifakwe malunga nokusebenza kweshishini elinemvume;
- (f) ukumelwa komceli-mvume okanye nawuphi na umntu onomdla ngokunxulumene nokurhoxiswa kokunqunyanyiswa kwephepha-mvume okanye ukususwa okanye ukuhlonyelwa kwawo nawuphi na umbandela onokuba kwiphepha-mvume; okanye
- (g) nawo nawuphi na umba oxelwe liGosa elilawulayo eliyiNtloko okanye onokuthi uqwalaselwe ngokwakulo Mthetho.

(2) Ngaphandle kwemiba exelwe kwicandelwana (1) (a), (b), (c), (f) no (g), iGosa eLongameleyo linokwala ukubiza intlanganiso yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala xa libona kufanelekile ukuba ngaba ekuboneni kwalo lo ntlanganiso ayiyo mfuneko ngokolwazi oluthiwe thaca phambi kwalo.

(3) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singathi emva kokuqwalasela nawuphi na umba obucingwe—

- (a) kwicandelwana (1) (a), (b) no (c) singavumi ukunikezela ngesicelo ekubeni sithe saqwalasela iimeko nanjengoko ibona kufanele;
- (b) kwicandelwana (1) (d) okanye (e)—
 - (i) siyale ingxelo okanye isikhalazo, nanjengoko kunjalo;
 - (ii) sinokulirhoxisa iphepha-mvume elo;
 - (iii) sinokumisa iphepha-mvume ngokwendlela emiselweyo njengesohlwayo okanye inyathelo elisisilungiso;
 - (iv) sibeke imibandela leyo kwiphepha-mvume nanjengokuba sibona kufanelekile;
 - (v) siyalele umceli wephepha-mvume ukuba ahlawule eso sohlwayo esibona njengesifanelekileyo, oko sikwenza ngokwemilinganiso emiselweyo, okanye
 - (vi) sithathe naliphi na inyathelo esibona lifanelekile;
- (c) icandelwana (1) (f) alikuvumeli ukumelwa okanye ukurhoxiswa kokumiswa kwephepha-mvume, okanye ukususwa okanye ukuhlonyelwa kombandela okanye imibandela leyo; okanye
- (d) icandelwana (1) (g) liqwalasela umba lize lithathe inyathelo elilibona lifanelekile.

(4) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala sinokuthi nangaliphi na ixesha emva kokwenziwa kwesicelo ngumntu wephepha-mvume simise, sirhoxise okanye sihlomele nawuphi na umbandela obekwe siso ngokunxulumene nephepha-mvume elo.

(5) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singamkela njengelungu layo nabani na ngokubhekiselele kumba othile embona ukuba angathi akwazi ukusincedisela ngokubhekiselele kuloo mba wecandelo 17.

(6) Umntu owamkelwe njengelungu akanalo ilungelo lokuvota.

(7) Ukuhlawula nawuphi na umntu owamkelwe njengelungu ngokwemigaqo yecandelwana (5) kufuneka kuqingqwe yiBhodi.

Iintlanganiso nezigqibo zeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala

21. (1) IGosa eLongameleyo kufuneka liqingqe ixesha kunye nendawo yokubambela iintlanganiso zeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kwaye lingazirhoxisa okanye liphinde lizibize iintlanganiso ngalo maxesha nezo ndawo ligqibe ngazo.
- (2) Inani elisemthethweni lokubamba intlanganiso yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala sisine samalungu kuquka neGosa eLongameleyo okanye iSekela leGosa eLongameleyo okanye bobabini. 5
- (3) Isigqibo seSiGqeba seLayisenisi yezoTywala sithathwa sisininzi seevoti zamalungu akhoyo entlanganisweni, kwaye xa kuthe kwakho ukulingana kweevoti ngomba othile iGosa eLongameleyo kufuneka lithathe ivoti eyenza isigqibo. 10

Ukuzikhwebula kwelungu elinomdla onembambano

22. (1) Ilungu leSiGqeba seLayisenisi yezoTywala alinako ukuvota, ukubakho kwintlanganiso okanye nangayiphi na indlela alinako ukuthatha inxaxheba kwiinkqubo zazo naziphi na iintlanganiso okanye amatyala kananjalo iGosa eLongameleyo alinako ukuqwalasela nawo nawuphi na umba ukuba, lo mba— 15
- (a) ngowelungu losapho, iqabane okanye umlingane kwezorhwebo womenzi wesicelo-mvume, ukuqinisekiswa, okanye nalo naliphi na ilungelo elinokunikwa siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala okanye iGosa eLongameleyo, nanjengoko imeko inokutsho;
- (b) ngowelungu okanye ilungu losapho, iqabane okanye umlingane kwezorhwebo ungumlawuli, ilungu okanye iqabane linomdla wezimali okanye ongomnye kwishishini lomenzi wesicelo sephepha-mvume, ukuqinisekiswa, okanye nalo naliphi na ilungelo elinikwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala okanye iGosa eLongameleyo, nanjengoko imeko inokutsho, okanye 20
- (c) ilungu linomdla onokuthi ube nomthelela ekwenzeni kwalo imisebenzi njengelungu leSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, kumba ongenzeleliyo nokwathe ngqo. 25
- (2) Ukuba kuthe nangaliphi na ixesha kwafumaniseka ukuba iGosa eLongameleyo okanye ilungu nanjengoko imeko inokutsho linawo nawuphi na umhla ekuthethwe ngawo kwicandelwana (1)— 30
- (a) ngokubhekiselele kumba onokuqwalaselwa siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, ukuba ilungu kufuneka ngaphandle kokulibazisa lichaze ngokuzeleyo ubume bomdla walo kwaye liyishiye intlanganiso okanye ityala ukuvumela amalungu aseleyo ukuba axoxe ngomba kwaye agqibe ukuba ilungu liyathintelwa ekuthatheni inxaxheba kwiinkqubo zalo ntlanganisookanye ityala ngenxa yesizathu sokuba nomdla onembambano; kunye 35
- (b) nokubhekiselele kumba oza kuqwalaselwa liGosa eLongameleyo, kufuneka ilungu ngaphandle kokulibazisa lichaze ngokuzeleyo umdla walo kwiSiGqeba seLayisenisi yezoTywala apho kufuneka siqwalasele umba. 40
- (3) Ukuxela kwanesigqibo esithathwe ngamalungu aseleyo eSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, okuxelwe kwicandelwana (2) (a) kufuneka kubhalwe kwimizuzu yenkqubo ekuthethwe ngayo. 45

IiNkqubo zeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala

23. (1) IGosa eLongameleyo, kufuneka liqingqe inkqubo eza kulandelwa oku likwenza ngokwemimiselo yalo Mthetho kwiintlanganiso zeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala.
- (2) IGosa eLongameleyo lingathi lazise ngendlela emiselweyo nawuphi na umntu obandakanyekayo ekuqwalaselweni komba siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ukuba ebekho entlanganisweni apho kuqwalaselwa lo mba. 50
- (3) Umntu othe waziswa ngokwecandelwana (2)—
- (a) angathi eze kwintlanganiso, okanye amelwe ligqwetha lenkundla yamatyala, okanye nawuphi na umntu onokuvela njengommeleyo; okanye
- (b) azikhethele ukungezi okanye ukungamelwa. 55
- (4) Ukuba iGosa eLongameleyo lanelisekile ukuba umntu waziswe ngokufanelekileyo ukuba abekho entlanganisweni yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kodwa akabikho ke ngoko, iGosa eLongameleyo lingayalela intlanganiso ukuba iqhube

nokuba akakho loo mntu okanye lingathatha naliphi na inyathelo elibona lifanelekile kwezi meko.

(5) IGosa eLongameleyo lingabizela ngendlela emiselweyo nabani na kwintlanganiso yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ukuza kunika ubungqina, okanye anikezele uxwebhu okanye nantoni na enokuba kuye okanye phantsi kolawulo lwakhe. 5

(6) IGosa eLongameleyo lingayalela nabani na ukuba abekho kwintlanganiso yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ukuza kunika ubungqina, okanye anikezele uxwebhu okanye nantoni na enokuba kuye okanye phantsi kulawulo lwakhe, kwaye athawuziswe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala.

(7) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singahlola okanye sigcine naluphi na uxwebhu oluthe lwanikezelwa kuso ngexesha elifanelekileyo. 10

(8) Nawuphi na umntu onika ubungqina kwintlanganiso yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kufuneka enze njalo phantsi kwesifungo okanye isiqinisekiso.

(9) Ekuqwalaseleni kwaso umba iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala singathi sithathele ingqalelo nantoni na okanye nayiphi na imeko enokuthi ngokubona kwayo ibe nokuphembelela ukuthatha kwayo isigqibo. 15

(10) Ukuba naliphi na iqela licela ukumiselwa elinye ixesha ukuze libe nako ukuzilungiselela ngokubhekiselele kumba iGosa eLongameleyo lingawumisela elinye ixesha umba ngenxa yeso sizathu.

(11) zonke iintlanganiso zeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala zivulelekile kuluntu ngaphandle kokuba iGosa eLongameleyo linezizathu ezifanelekileyo, zokuyalela ubani obukho bakhe bungafunekiyo, ukuba angabikho okanye ayishiye intlanganiso. 20

(12) Iingxoxo nokuvota kweSiGqeba seLayisenisi yezoTywala akuvulelekanga kuluntu.

(13) Ukwahluleka ukuza kwintlanganiso emva kokubizelwa kuyo ngokwecandelwana (5) kululwaphulo-mthetho. 25

Ikomiti zeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala

24. (1) IGosa eLongameleyo linganyula ikomiti enye nangaphezulu ezenziwe lilo okanye iSekela leGosa eLongameleyo kunye nalo naliphi na ilungu okanye umntu onyulwe ukuba abe lilungu ngokwecandelo 20 (5). 30

(2) Ikomiti kufuneka ubuncinane ibe nabantu abathathu. (3) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singanikezela kwikomiti imisebenzi yaso njengoko kutshiwo kumacandelo 64, 65 no-71. (4) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singakhuphela ikomiti imigaqo emayilandelwe ngokubhekiselele kwigunya nokwenziwa komsebenzi onikwe ikomiti. 35

(5) Ikomiti kufuneka ekwenzeni kwayo igunya okanye umsebenzi ewunikiweyo ilandele imigaqo exelwe kwicandelwana (4).

(6) Ekunyuleni amalungu ekomiti, iGosa eLongameleyo kufuneka liqwalasele amava, ubuchule nolwazi olufunekayo kumba oza kuqwalaselwa. (7) Ikomiti yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ilawulwa yimithetho efanayo yenkqubo enxulumene neSiGqeba seLayisenisi yezoTywala. 40

INkundla yamatyala yeziBheno

25. (1) UMphathiswa ngexesha anganako ukunyula umntu oneziqinisekiso zomthetho ezilingana nezo zifuneka ekubeni ubani abe uyamkelwa njengegqwetha leNkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika, nonamava kulawulo lezobulungisa ukuba abe yiNkundla yamatyala eziBheno eza kuchophela izibheno okanye izicelo zokuqwalaselwa kwezigqibo zeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ngokwalo Mthetho. 45

(2) UMphathiswa kufuneka amisele inkqubo emayilandelwe yiNkundla yamatyala eziBheno.

ISIAHLUKO 4

ULAWULO, INTLAWULO KUNYE NOLAWULO LWEZIMALI 50

Ulawulo lweBhodi, iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kunye neNkundla yamatyala yeziBheno

26. (1) IBhodi kufuneka inyule—

(a) iGosa elilawulayo eliyiNtloko elinamava afanelekileyo ngenjongo yokuncedisa iBhodi ekwenzeni yonke imisebenzi yolawulo nemali yeBhodi, 55

- iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala neNkundla yamatyala yeziBheno eliza kuthi ke ngoko liphendule kwiBhodi;
- (b) unobhala weSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, oza kwenza oku—
- (i) ukulungiswa kwee-ajenda;
 - (ii) ukubhala iinkqubo; 5
 - (iii) ukugcina imizuzu yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala; kunye
 - (iv) nayiphi na imisebenzi enokuqingqwa liGosa eLongameleyo; kunye
- (c) nabanye abasebenzi abanokuba yimfuneko ukwenzela ukuba iBhodi, iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kunye neNkundla yamatyala yeziBheno zibe nokwenza imisebenzi yazo; 10
- (2) Abasebenzi beBhodi, beSiGqeba seLayisenisi yezoTywala nabeNkundla yamatyala yeziBheno kufuneka—
- (a) baqeshwe ngokweemeko eziqingqwe yiBhodi kwaye kufuneka bahlawulwe yiBhodi; kunye
 - (b) benze imisebenzi yabo ngokwemiyalelo nolawulo lweBhodi. 15
- (3) IBhodi, ekubonisaneni noMphathiswa kunye noMphathiswa ojongene nezimali kwiPhondo—
- (a) kufuneka iqingqe inkqubo yokusebenza kwabantu besebenzela iBhodi, iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, iNkundla yamatyala yeziBheno; kunye
 - (b) nokuqingqwa kokuhlawulwa kwabasebenzi bayo, kungabandakanyi loo malungu angabasebenzi abambeleyo ngokwecandelwana (5). 20
- (4) IBhodi kufuneka ngokucetyiswa liGosa elilawulayo eliyiNtloko iqingqe indlela yokuziphatha kwabasebenzi bayo, beSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kunye nabeNkundla yamatyala yeziBheno ukuqinisekisa—
- (a) ukulandela okutshiwo ngumthetho; 25
 - (b) ukusetyenziswa kweemali kunye nezixhobo zeBhodi ngendlela eyiyo nengadyarhaziyo;
 - (c) ukugcina izinga lokuziphatha elingaphaya;
 - (d) ukuthintela iimbambano ngokwemidla;
 - (e) ukukhuselwa kolwazi oluyimfihlo lweBhodi, lweSiGqeba seLayisenisi yezoTywala nolweNkundla yamatyala yeziBheno; kunye 30
 - (f) nenkonzo eyiyo, ethembekileyo, engenaxanasi, engathathi cala kwanelinganayo.
- (5) IBhodi ingasebenzisa iinkonzo zabantu abameleyo okanye abasuka kwinkonzo yoluntu ngokwemimiselo yoMthetho weNkonzo yoLuntu, 1994 (Isibhengezo se-103 sowe-1994). 35
- (6) IGosa elilawulayo eliyiNtloko lingenza izigqibo ngokwezimali eziyimfuneko ekusebenzeni kwequmrhu loluntu, kuquka kodwa kungaphelelanga ekwenzeni intsebenziswano nezinye iinkonzo zesizwe kwanokusebenzisa iinkonzo zeekontraka nabanikezeli ngeenkonzo. 40
- (7) IGosa elilawulayo eliyiNtloko lingadlulisela kwintlanganiso yeBhodi okanye yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala nawuphi na umba elibona ukuba ufanele amagunya nemisebenzi yeBhodi ngokwecandelo 9 okanye iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ngokwemigaqo yecandelo 20.
- (8) Imizuzu yeenkqubo zeBhodi, iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kunye neNkundla yamatyala yeziBheno kufuneka igcinwe kwii-ofisi zeBhodi kwaye ifumaneki nakubani na ofuna ukuyigoca-goca okanye ukuyikopa emva kokuhlawula intlawulo emiselweyo ngokwemimiselo yoMthetho okhuthaza ukufunyanwa kolwazi, 2000 (uMthetho we-2 ka-2000). 45
- (9) IGosa eLongameleyo lingathi ngokwemimiselo yoMthetho okhuthaza ukufunyanwa koLwazi, 2000 lakubona kufanelekile ukuba inxenye okanye yonke inkqubo yeSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ayinako ukupapashwa, apho oko kubhaliweyo okanye inxenye yako akunakugocwa-gocwa okanye akunakukotshwa nangubani na ngaphandle kokufumana imvume kuqala kwiGosa eLongameleyo. 50
- Ukuhlawulwa kweGosa elilawulayo eliyiNtloko, amalungu eBhodi eSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kunye naweNkundla yamatyala yeziBheno** 55
27. IGosa elilawulayo eliyiNtloko, amalungu eBhodi, naweSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, kwakunye nomntu onyulwe njengeNkundla yamatyala yeziBheno banelungelo lokufumana intlawulo efanelekileyo njengoko kuqingqwe nguMphathiswa, ebonisene noMphathiswa ojongene nezimali kwiPhondo. 60

Ukulawulwa kwengxowa-mali kwakunye nokuxhaswa ngezimali kweBhodi

- 28.** (1) Ingxowa-mali yeBhodi yenziwa—
- (a) yimali ebekelwe bucala yiPalamente yePhondo.
 - (b) yimali eyongezelelekileyo kwiBhodi esuka nakuwuphi na umthombo ovunywe nguMphathiswa, emva kokubonisana noMphathiswa ojongene nezimali kwiPhondo, kuquka iintlawulo ezongezelelekileyo ngokwalo Mthetho; kunye 5
 - (c) nenye imali ehlawulwe ngokusemthethweni ikwanceda iBhodi.
- (2) IBhodi kufuneka ke ngoko yenze ukuba ugcino olululo lweencwadi ze-akhawunti luyenziwa kwaye lugcinwa kakuhle. 10
- (3) IBhodi kufuneka ubuncinane kwiinyanga ezintandathu phambi konyaka-mali wayo okanye kwalo naliphi na ixesha eliqingqwe nguMphathiswa, ingenise kuMphathiswa ukuze aluvumele—
- (a) uhlahlo-lwabiwo mali lwayo yonke ingeniso nenkcitho yaloo nyaka-mali; kunye 15
 - (b) isicwangciso sokusebenza seBhodi, esineenjongo ezikwimilinganiselo ngokoMthetho wokulawulwa kweMali yoLuntu, 1999 (uMthetho wo-1 we-1999).
- (4) IBhodi ingenza izicelo nakuwuphi unyaka-mali zemali eyongezelelekileyo kuMphathiswa ukuze ziqukwe kwingqikelelo elungisiweyo ngokwasemthethweni. 20
- (5) IBhodi ayinako ukungena kwisibophelelo semali esidlula uhlahlo-lwabiwo mali lwayo kunye nezimali zayo eziye zafumaneka.

Iingxelo zophengululo-zincwadi kunye nezonyaka

- 29.** (1) UMphengululi-zincwadi Jikelele kufuneka ehlole zonke iingxelo zezimali zeBhodi. 25
- (2) IBhodi kufuneka ingenise ingxelo yazo zonke iinkqubo zayo zalo nyaka-mali kuMphathiswa ukuze ithiwe thaca phambi kwePalamente yePhondo oku ikwenza kwiinyanga ezintlanu emva kokuphela kwaloo nyaka-mali.
- (3) Ingxelo kufuneka-
- (a) iquke uxwebhu olubonisa imali ekhoyo kunye nengeniso kunye nenkcitho evunywe nguMphengululi-zincwadi Jikelele; 30
 - (b) itsho iinjongo ezinomlinganiselo njengoko zibekiwe kwisicwangciso sokusebenza ekuthethwe ngaso kwicandelo 28 (3) (6) kuloo nyaka-mali;
 - (c) ibe nolwazi olufanelekileyo ngokusebenza kwezoqoqosho kwanokusebenza okukuko kwezixhobo ingakumbi ukuthelekiswa kweziboniso zokusebenza ezicetyiweyo nezizezoqobo njengoko zibhalwe kwisicwangciso sokusebenza; kwaye 35
 - (d) iquke ingxelo ngamanyathelo athathiweyo ukujonga kwanokujongana neenkcitho zoluntu kunye neenkcitho ezinxulumene nokusetyenziswa gwenxa kotywala kwakunye nenani lamaphepha-mvume athe akhutshwa kunyaka-mali odlulileyo. 40

INgeniso eyongezelelekileyo kwiNngxowa-mali yeNgeniso kwiPhondo, kwiBhodi okanye koomasipala

- 30.** (1) Iintlawulo ezixelwe kumacandelo 46 (2), 48 (1) kunye 4, 63 (2) kunye 65 (16) kufuneka zihlawulwe kwiNngxowa-mali yeNgeniso yePhondo. 45
- (2) Ezi mali zilandelayo zimali ezongezelelekileyo kwiBhodi—
- (a) izohlwayo ezixelwe kumacandelo 20 (3) (b) (v) kunye 82 (2) (b);
 - (b) isohlwayo esixelwe kumacandelo 63 (4); kunye (Cc) iintlawulo ezixelwe kumacandelo 26 (8), 36 (1) (e), 38, 63 (4), 64 (1) no 65 (9).
- (3) Iintlawulo ezixelwe kumacandelo 36 (5) (a) (i) no (b) (i) ezongezelelekileyo kulo masipala. 50
- (4) Akukho mali ixeliweyo apha kweli candelo ebuyiselwa emva.

ISAHLUKO 5

UKUSEKWA KWENGXOWA-MALI YEMFUNDO NOLUNTU

Ukusekwa kwengxowa-mali

- 31.** (1) IGosa elilawulayo eliyiNtloko kufuneka liseke ingxowa-mali ngenjongo—
- (a) yokunqanda iziphumo ezingezizo zoluntu malunga nokusetyenziswa gwenxa kotywala. 5
 - (b) yokufundisa abantu abenza nabathengisa utywala; kunye
 - (c) nokufundisa uluntu ngokubanzi ngendlela eyiyo yokwenza, ukuthengisa nokusela utywala.
- (2) IGosa elilawulayo eliyiNtloko kufuneka, emva kokubonisana neBhodi kwakunye nokubonisana noMphathiswa, litsho iinkcukacha ezingumkhomba-ndlela ekulawuleni ingxowa-mali exelwe kwicandelwana (1). 10
- (3) Uhlahlo-lwabiwo mali lwengxowa-mali kufuneka luqukwe kuhlalo-lwabiwo mali lweBhodi ethi ingeniswe ngokoMthetho wokulawula iMali yoLuntu, 1999.
- (4) IGosa elilawulayo eliyiNtloko kufuneka ekubonisaneni neBhodi, uMphathiswa kunye noMphathiswa ojongene nezimali kwiPhondo livule i-akhawunti yengxowa-mali egameni leBhodi kwiziko elibhaliswe njengebhanka ngokoMthetho weeBhanka, 1990 (uMthetho wa-94 ka-1990). 15

ISAHLUKO 6

UKUKHUTSHWA KWAMAPHEPHA-MVUME

20

Amaphepha-mvume

- 32.** (1) Umntu akavumelekanga ukuba avelise okanye athengise utywala ngaphandle kokuba unephepha-mvume elikhutshwe ngokwalo Mthetho, uMthetho woTywala okanye uMthetho woTywala, 1989 (uMthetho wa-27 ka-1989).
- (2) Umntu ovumeleke ukuba avelise okanye athengise utywala makakwenze oko ngokwemimiselo yephepha-mvume. 25
- (3) Umntu othe akanikezwa gunya ngokwemigaqo yecandelo 84 (1) okanye (2) lokuvelisa okanye lokuthengisa utywala ngokuchasene necandelwana (1) okanye (2) unetyala lokwaphula umthetho

Iindidi zamaphepha-mvume

30

- 33.** ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singanika la maphepha-mvume alandelayo—
- (a) iphepha-mvume lokuvelisa nokuthengisa utywala obuza kuselelwa ngaphakathi nangaphandle kwezakhiwo apho buthengiswa khona;
 - (b) iphepha-mvume lokuthengisa utywala obuza kuselelwa kwizakhiwo apho buthengiswa khona; 35
 - (c) iphepha-mvume lokuthengisa utywala obuza kuselelwa ngaphandle kwezakhiwo apho buthengiswa khona;
 - (d) kwiimeko ezithile, iphepha-mvume lokuthengisa utywala obuza kuselelwa ngaphakathi nangaphandle kwezakhiwo apho buthengiswa khona;
 - (e) iphepha-mvume lokuthengisa utywala obuza kuselelwa ngaphakathi nangaphandle kwezakhiwo apho buthengiswa khona buthengiselwa amatheko athile; kunye 40
 - (f) nephepha-mvume lethutyana lokuthengisa utywala obuza kuselelwa ngaphakathi okanye ngaphandle kwezakhiwo apho buthengiswa khona.

Iinkqubo zokukhupha amaphepha-mvume

45

- 34.** ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala asinako ukunika iphepha-mvume ngaphandle kokuba sizanelisile ngokupheleleyo ukuba—
- (a) ukunika oko kusemdleni woluntu;
 - (b) umceli-mvume ungumntu olungileyo, kwaye akathinteleki ukuba abe nephepha-mvume ngokwemigaqo yecandelo 35; 50
 - (c) izakhiwo apho utywala buthengiselwa bukwaselwa kuzo ziza kuthi zakugqitywa zibe zezifanelekileyo ukuba zingasetyenziswa ngumceli-mvume ngokweenjongo zephepha-mvume;

- (d) umceli-mvume unelungelo lokusebenzisa izakhiwo ezo ezinemvume; kwaye
- (e) ukunikwa kwesicelo akwenzi monakalo—
 - (i) kubahlali bendawo yokuhlala;
 - (ii) kubahlali beziko labasele bekhulile okanye lababuthathaka;
 - (iii) kubafundi beziko lemfundo abangaphantsi kweminyaka elishumi 5 elinesibhozo (18);
 - (iv) kwizigulana zeziko labantu abasebenzisa gwenxa iziyobisi okanye utywala; okanye
 - (v) kumarhamente eziko lezenkolo elikufuphi nezakhiwo ezinemvume.

Ukuthintela abaceli-mvume 10

35. (1) Aba bantu balandelayo bayathintelwa ukuba babe namaphepha-mvume otywala—
- (a) nabani na othe kwiminyaka emihlanu (5) phambi kokufaka isicelo, waba ugwetyelwe intolongo ngaphandle kwentlawulo;
 - (b) nabani na othe kwiminyaka emihlanu (5) phambi kokufaka isicelo, 15 wabhengezwa njengongenako ukubhaliswa liGunya-bantu loTywala okanye iphepha-mvume elinikwe yiBhodi yotywala nayiphi na okanye igunya lotywala;
 - (c) nabani na ongenakubuyiselwa kwimeko yangaphambili emva kokutshona;
 - (d) nabani na omncinane ngexesha lokuqwalaselwa kwesicelo; 20
 - (e) nabani na owayenephepha-mvume elarhoxiswayo ngokwemimiselo yalo Mthetho, okanye uMthetho olawula amaphepha-mvume otywala akulo naliphi na iphondo, kwiinyanga ezilishumi nambini (12) phambi kokufakwa kwesicelo;
 - (f) nabani na ongumlingane okanye undofa womntu ochazwe ku (a), (b) okanye 25 (e) ngasentla apha; kunye
 - (g) nabani na ogula ngengqondo njengoko kuchazwe kuMthetho wezeMpilo wokukhathalelwa kweNgqondo, 2002 (uMthetho we-17 ka-2002).
- (2) Ukuba umntu uthintelwe ngokwemigaqo yecandelwana (1) (a) ukuya (e) okanye (g), nayiphi na inkampani, intsebenziswano okanye umanyano lwamashishini apho 30 anezabelo kuwo, ulilungu kuwo okanye unomdla anawo kuwo ngokuthi abentsebenziswano kuwo athi nawo athintelwe.
- (3) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singathi kwiimeko ezithile kwakunye nesizathu esifanelekileyo sigqibe ukuba umntu uthi athintelwe ngokwemigaqo yecandelwana (1) okanye (2) ubonwa efanelekile ngokweenjongo zeso sicelo okanye 35 iphepha-mvume.

INkqubo yokwenza isicelo

36. (1) Isicelo sephepha-mvume kudidi oluxelwe kwicandelo 33 kufuneka senzwe iBhodi ngokuthi sifakwe ngaphambi okanye ngomhla obekiweyo yiBhodi kwakunye negosa elinyuliweyo apho izakhiwo ezinemvume ziza kuba kwindawo ephantsi 40 kolawulo lalo—
- (a) uxwebhu lwesicelo olumiselweyo luzaliswe ngokufanelekileyo;
 - (b) isiqinisekiso sokwahlula ngokwemimandla;
 - (c) xa kuyimfuneko, ikopi yesicelo socwangciso ifakwe kumasipala lowo ngokomthetho ofanelekileyo; 45
 - (d) naluphi na ulwazi olunokufunwa siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala olunokwenzela ukuba sibe nokuqingqa ukuba umenzi-sicelo uyazanelisa iinqobo zokunikwa kwephepha-mvume;
 - (e) nentlawulo emiselweyo ehlawulwa ngendlela emiselweyo.
- (2) Akukho sicelo sephepha-mvume esiya kuthi sibhengezwe phakathi komhla wo-1 50 kweyoMnga ukuya kowe-15 kweyoMqungu kunyaka olandelayo.
- (3) Ngokufaka isicelo sephepha-mvume umceli uvumela iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala okanye naliphi na ilungu okanye umsebenzi ogunyazisiweyo yiBhodi ukuba—
- (a) angaqhuba uphando kwaye enze nemibuzo enokufuna ukuqonda ukufaneleka, 55 ubume, ukuziphatha kwangaphambili, imikhwa, intsebenziswano, ubume bezimali, ukuba nako, ukuziphatha kakuhle, ukukwazi ukusebenza namava—
 - (i) omceli okanye, ukuba iphepha-mvume sele likhutshiwe, umnini wephepha-mvume;

- (ii) nawuphi na umlawuli okanye umnini zabelo, ilungu, umgcini-mafa okanye umntu onezabelo, apho umceli umceli eyinkampani, intsebenziswano, ushishino olumanyeneyo; kunye
- (iii) nawuphi na umntu osebenza ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo kwimicimbi yomceli okanye ukuba iphepha-mvume sele linikwe umnini wephepha-mvume; 5
- (b) ukucela naluphi na uxwebhu okanye ulwazi olufakwe kunye nesicelo ngumntu ngokunxulumene netyala elo, uphando okanye imibuzo leyo ebuziweyo;
- (c) ukufumana kwanokuxela kwi-arhente okanye iziko elilawulayo ngezomthetho naphi na emhlabeni ulwazi olunxulumene nomceli ngeenjongo zetyala, uphando nokubuzwa imibuzo. 10

Isaziso sesicelo

37. (1) IBhodi kufuneka ipapashe izaziso, kuxwebhu olumiselweyo, ngeelwimi ezisemthethweni zePhondo *kwiPhepha-ndaba lePhondo* kwakunye nakwiphepha-ndaba loluntu elifumaneka kulo ndawo kuza kubakho kuyo izakhiwo ezinemvume, xa kungekho phepha-ndaba loluntu, ubuncinane kwelinye iphepha-ndaba elifumaneka apho ezo zakhiwo zikhoyo. 15

(2) Umceli kufuneka isaziso asibonise njengoko kumiselweyo ngeelwimi ezintathu zePhondo kwindawo ebonakalayo ukwenzela ukuba izakhiwo ezinemvume zibe nokubonwa ngabadlulayo: Ngaphandle kokuba iNkundla yamatyala yeMvume yoTywala inokuvumela ukuba oku kungenzeki ngokommiselo nanjengoko inokubona kufanelekile. 20

(3) Isaziso ngokwemigaqo yecandelo (2) kufuneka sihlale sibonisiwe ixesha elimisiweyo ukususela kumhla wokufaka isicelo. 25

(4) Igosa lotywala elinyuliweyo elilawula lo mhlaba izakhiwo ezinemvume zikuwo, kufuneka ngexesha elibekiweyo ukususela kumhla wokufakwa kwesicelo, lifake ikopi yesicelo ngokwendlela emiselweyo kuloo masipala ukwenzela ukuba—

- (a) apho icandelo 36 (1) lisebenza—
 - (i) ukuvumela uluntu ukuba lube nako, emva kokuluhlola okanye emva kokuhlawula intlawulo emiselweyo lifumane ikopi yesicelo;
 - (ii) lufumane amagqaba-ntshintshi kwilungu lengingqi kamasipala;
 - (iii) lwenze amagqaba-ntshintshi ngesicelo; kwaye
 - (iv) lube nokuvumela ukuqwalasela kokucwangciswa kwesicelo ngokubhekiselele kwisicelo sephepha-mvume lotywala. 35
- (b) apho icandelo 36 (1) (c) lingasebenzi—
 - (i) ukuvumela uluntu ukuba lube nako, emva kokuhlola okanye emva kokuhlawula intlawulo emiselweyo lufumane ikopi yesicelo;
 - (ii) lufumane amagqaba-ntshintshi kwilungu lengingqi kamasipala;
 - (iii) lwenze amagqaba-ntshintshi ngesicelo. 40

(5) Igosa lotywala elilawula lo mhlaba izakhiwo ezinemvume zikuwo, kufuneka, okanye umasipala angakhupha isaziso sesicelo ngexesha elimiselweyo esikhuphela—

- (a) abahlali abakufutshane okanye abo bantu ngokokubona kwakhe bangathi babe bayaphazamiseka, okanye babe nomdla ekunikweni okanye ekukhatyweni kwesicelo; kunye 45
- (b) neqonga lokucina ucwangco loluntu, xa likho, lendawo apho izakhiwo zikhoyo.

(6) Nangona icandelwana (1) apho umceli kufuneka enze ngokwemiyalelo ekwicandelo 36 (1) (c), isaziso senziwa ngokwesicwangciso esisemthethweni esibonwa njengesifanelekileyo ekwenzeni ngokomyalelo wokwazisa ofunwayo ngokweli candelo: Ngaphandle kokuba iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala singafuna ukwazisa okongezelelweyo njengoko inokubona kufanele. 50

Izicelo ezilindele ukubonwa yiBhodi

38. IBhodi kufuneka ngexesha elimiselweyo emva kokuba isicelo esixelwe kwicandelo 36 sifakiwe kuyo, ivumele uluntu ukuba lube nokusihlola kwaye emva kokuhlawula intlawulo emiselweyo, lufumane ikopi yesicelo kunye nawuphi na amaxwebhu afakiweyo ngokunxulumene nesicelo, kwii-ofisi zeBhodi de kufike umhla apho isicelo siqwalaselwa siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala. 55

Ukumelwa

- 39.** (1) Umntu onomdla ekunikweni okanye ekukhatyweni kwesicelo angathi ngexesha elimiselweyo, enze umelo olubhaliweyo kwiSiGqeba seLayisenisi yezoTywala evuma okanye engavumi ukuba isicelo eso sinikwe okanye sikhatywe. 5
- (2) Ukumelwa kufuneka kwenziwe kwiBhodi nakwiGosa elinyuliweyo lotywala. 5
- (3) Ikopi yomelo kufuneka inikwe ngumntu owenza umelo olo kumceli okanye lowo ammeleyo.
- (4) Ubungqina balo nkonzo kufuneka bufakwe nomelo olo.
- (5) Umntu owenza umelo kufuneka enze oku kulandelayo— 10
- (a) abhale amagama akhe azeleyo kunye nedilesi;
- (b) inombolo yakhe yesazisi okanye ukuba yinkampani okanye umanyano lwamashishini inombolo yokubhalisa;
- (c) xa kunokwenzeka igama nedilesi yomntu omeleyo.
- (d) uhlobo lomdla analo ekunikweni okanye ekukhatyweni kwesicelo; kunye
- (e) nengcombolo ebanzi ngenkcaso okanye ngenkxaso. 15
- (6) Umceli angathi aphenyule kumelo olunxamnye nesicelo kwiBhodi ngexesha elimiselweyo.

Ukuthunyelwa kwamaxwebhu

- 40.** (1) Umasipala lowo kufuneka ngexesha elimiselweyo athumelele iBhodi oku kulandelayo— 20
- (a) isigqibo sakhe malunga nokucwangciswa kwesicelo ekuxelwe kwicandelo 36 (1) (c); kunye
- (b) nolwazi olumalunga nokuthatha inxaxheba koluntu okuthe kwalandelwa ngokunxulumene nesicelo.
- (2) Umasipala lowo kufuneka ngexesha elimisiweyo ngokunxulumene nesicelo 25 sephepha-mvume lotywala athumelele iBhodi oku kulandelayo—
- (a) amagqaba-ntshintshi, xa ekho, elungu lengingqi kamasipala;
- (b) amagqaba-ntshintshi awo xa ekho, ngesicelo sephepha-mvume lotywala; kunye
- (c) nalo naluphi na uxwebhu okanye inqaku elifakwe ngokubhekiselele kwisicelo 30 sephepha-mvume lotywala.
- (3) Igosa elinyuliweyo lotywala elo kufuneka ngexesha elimiselweyo lithumelele iBhodi oku kulandelayo—
- (a) ingxelo yalo exelwe kwicandelo 73 (7) (a); kunye
- (b) nalo naluphi na uxwebhu okanye inqaku elifakwe ngokubhekiselele kwisicelo 35 sephepha-mvume lotywala.

Ukuqwalaselwa kwezicelo

- 41.** (1) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singathi xa siqwalasela isicelo sithathele oku kulandelayo ingqalelo—
- (a) isicelo nayo nayiphi na ingxelo efakwe ukuphendula isicelo eso; 40
- (b) umelo olusixhasayo okanye olusichasayo isicelo, nayo nayiphi na impendulo kumelo olusichasayo isicelo kwakunye naluphi na uxwebhu okanye inqaku elifakwe ngokubhekiselele kwisicelo; kunye
- (c) ngokwecandelo 23 (9), nawo nawuphi na umba ekuboneni kweSiGqeba seLayisenisi yezoTywala kufuneka uqwalaselwe. 45
- (2) Ukuba isicelo, uxwebhu olusikhaphayo, umelo okanye ingxelo eneemposiso okanye nawuphi na umntu akaphumeleli ukufaka nalo naluphi na uxwebhu okanye abambelele kwixesha elibekiweyo, iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala singaxolela imposiso okanye ukungaphumeleli oko ukuba kukho ukulandelwa okukuko kwalo Mthetho kwaye ukuba olo xolelo alusayi konakalisa mntu. 50

Unikezelo olunemiqathango lwephepha-mvume

- 42.** (1) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singanika iphepha-mvume ngokwemibandela.
- (2) Iphepha-mvume elinikwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ngokwemigaqo yecandelo (1) linganikwa umceli de abe uphumeze loo mibandela ibekiweyo ngelo xesha lokunikwa. 55

(3) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala kufuneka xa sinika iphepha-mvume ngokwemibandela, sibeke ixesha apho umceli aya kuthi abe uphumeza loo mibandela exelwe kwicandelo (2).

(4) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singathi nangaliphi na ixesha emva kokufumana isicelo kumceli sifakelele okanye sirhoxise imibandela. 5

(5) IGosa eLongameleyo lingathi ngalo nangaliphi ixesha lokufumana isicelo kumceli—

(a) lilandise ixesha elibekiweyo; okanye

(b) livumele ukuhlonyelwa kwesicwangciso sezakhiwo.

(6) Ukuba umceli akaphumeleli ukuphumeza imibandela exelwe kwicandelwana (2) ngexesha elibekiweyo nelixelwe kwicandelwana (3) okanye elandisiweyo ngokwemigaqo yecandelo (5), ukunikwa kwephepha-mvume kuyaphelelwa kwaye iphepha-mvume lithathwa njengelinganikwanga. 10

(7) Xa umceli athe wabe uyayiphumeza imibandela ebekwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, iBhodi kufuneka ilikhuphe iphepha-mvume njengoko kumiselwe 15 ngokwecandelo 46.

Ilungelo lokusebenzisa izakhiwo

43. ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singathi xa sinika iphepha-mvume ngokwemiqathango, siyalele ukuba iphepha-mvume elo lingakhutshwa ngaphandle kokuba yanelisekile ukuba umceli unalo ilungelo lokusebenzisa izakhiwo ezo 20 ngokwenjongo evunywe kwiphepha-mvume.

Izakhiwo ezingagqitywanga

44. ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala singathi xa sinika iphepha-mvume ngokwemiqathango ngokubhekiselele kwizakhiwo ezingekabikho, okanye izakhiwo ezifunwa ukutshintshwa, ukongezelwa okanye ulwakhiwo olufuna ukwenziwa 25 ukwenzela ukuba izakhiwo zibe zezifanelekileyo ngokwenjongo yokuba zingasetyenziswa ngaphantsi kwephepha-mvume lingakhutshwa de abe umceli uyiphumezile imibandela ebekwe ngokubhekiselele ekugqityweni kwezakhiwo.

Imfundo noqeqesho

45. ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala kufuneka xa sinika iphepha-mvume 30 ngokwemibandela, siyalele ukuba iphepha-mvume lingakhutshwa de umceli okanye umqeshwa okanye abaqeshwa bomceli babe bafundiswe kwaye baqeqeshwe nanjengoko iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala sifuna.

Ukukhutshwa kwephepha-mvume

46. (1) IBhodi kufuneka ngexesha elimiselweyo emva kokuba iSiGqeba seLayisenisi 35 yezoTywala sithe sanika isicelo esenziwe ngokwemigaqo yecandelo 36, yazise—

(a) umceli;

(b) abaxhasi ngabanye;

(c) umququzeleli woxwebhu lwezikhalazo, apho iinkcaso zithi zenziwe ngohlobo loxwebhu lwezikhalazo; 40

(d) umasipala lowo; kunye

(e) igosa lotywala elinyuliweyo elinxulumene noko, ngembalelwano isigqibo seSiGqeba seLayisenisi yezoTywala.

(2) Xa isicelo sithe sanikwa, umceli kufuneka ahlawule intlawulo emiselweyo ngexesha eliziintsuku ezingamashumi amathandathu (60) zokukhutshwa kwesaziso 45 esixelwe kwicandelo (1), nanjengoko isaziso sinokusebenza kwakukhutshwa isicelo.

(3) IBhodi kufuneka ngexesha elimisiweyo emva kwentlawulo emiselweyo exelwe kwicandelwana (2) ngokwamacandelo 42, 43, 44 no-45, ikhuphele umceli iphepha-mvume kuxwebhu olumiselweyo, ibeka imibandela yephepha-mvume njengoko ibekwe 50 siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala.

(4) Iphepha-mvume kufuneka likhutshelwe umntu osebenza okanye othi abe uyazuza ekusebenzeni kweshishini kwaye alinako ukukhutshelwa umntu omeleyo okanye ummeli.

(5) Ukuba umceli akakwazi ukuhlawula intlawulo exelwe kwicandelwana (2), ukunikwa kwesicelo kuyaphelelwa, ngokwecandelwana (6). 55

(6) Umceli angathi ngexesha eliziintsuku ezingamashumi amathandathu (60) emva kokuphelelwa kwexesha elixelwe kwicandelwana (2), enze isicelo kwiGosa elilawulayo eliyiNtloko efuna ukuxolelwa ngokungakwazi ukuhlawula intlawulo emiselweyo exelwe kwicandelwana (2) kwaye iGosa elilawulayo eliyiNtloko lingaxolela oko kungaphumeleli lize livumele intlawulo eyenziwe emva kwexesha ngosuku oluqingqwe liGosa elilawulayo eliyiNtloko, oku kuhambisana nesohlwayo esiziipesenti ezilikhulu (100%) zentlawulo leyo. 5

Ukusweleka okanye ukungakwazi ukuzenzela nto komceli

47. Ukuba ngaba umceli wephepha-mvume— 10
- (a) uyasweleka;
 - (b) uthinjelwe;
 - (c) uthe wabhengezwa njengomntu ongenako ukuzenzela nto yinkundla yamatyala; okanye
 - (d) ukuba inkampani, umanyano lwamashishini, intsebenziswano ithe yatshona phambi komhla wokuqwalaselwa kwesicelo, umabi welifa, umphathiswa, umgcini okanye umntu owenza intengiso yeshishini oye anyulwe ukusebenzisa amalungelo anokuba umceli ebe nawo ngaphambi kokusweleka, kokuthinjwa okanye ukutshona. 15

Amaphepha-mvume otywala ethutyana kunye namaphepha-mvume otywala amatheko awodwa 20

48. (1) IGosa eLongameleyo lingathi kwakuba kwenziwe isicelo ngumnini wephepha-mvume esixelwe kwicandelo 33 (b) okanye (d), naxa kuhlululwe intlawulo emiselweyo, linike iphepha-mvume lotywala lethutyana ukuba lisetyenziswe ngumnini wephepha-mvume kuphela. Ngaphandle kokuba ngokwecandelo 33 (d), iphepha-mvume lethutyana linokusetyenziselwa ukuthenga kwanokusela utywala kwizakhiwo apho utywala buthengiswa khona. 25
- (2) IGosa eLongameleyo alinako ukunika umntu iphepha-mvume lotywala lethutyana ngaphantsi kwecandelwana (1) ixesha elibude bungaphezulu kweentsuku ezilishumi elinesine (14) ezilandelelanayo kunye ngaphezulu kweentsuku ezingamashumi amathathu (30) ngonyaka ukuqala ngeyoMqungu. 30
- (3) Iphepha-mvume lotywala lethutyana kufuneka lenziwe ngokwemimiselo emiselweyo kunye neminye imimiselo nezithintelo ezinokubekwa liGosa eLongameleyo.
- (4) IGosa eLongameleyo lingathi kwakwenziwa isicelo— 35
- (a) liziko lemfundo;
 - (b) liziko lezentlalontle okanye lezenkcubeko;
 - (c) ngumququzeleli womboniso;
 - (d) ngunobhala, umphathi okanye umququzeleli oyintloko wogqatso olusemthethweni okanye intlanganiso yezemidlalo okanye isiganeko esifanayo; kunye 40
 - (e) nomququzeleli womdlalo wobugcisa, ngendlela emiselweyo nasemva kokuhlululwa kwentlawulo emiselweyo, linike iphepha-mvume elilodwa lotywala lesiganeko eso ukuba buthengiselwe utywala ukuselwa ngaphakathi okanye ngaphandle kwezakhiwo apho buthengiswa khona kwisiganeko esisodwa. 45
- (5) Isicelo sephepha-mvume lotywala lesiganeko esisodwa kufuneka lenziwe ubuncinane iintsuku ezilishumi elinesine (14) phambi komhla wesiganeko esisodwa.
- (6) Iphepha-mvume lotywala lesiganeko esisodwa alinako ukunikwa ixesha eledlula elo lesiganeko esisodwa.
- (7) Iphepha-mvume lotywala lesiganeko esisodwa lingaphantsi kwemibandela exelwe kwicandelo 49, xa kunokwenzeka, neminye imibandela kunye nezithintelo ezinokubekwa siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala. 50

ISIAHLUKO 7

IMIQATHANGO YAMAPHEPHA-MVUME

Imiqathango esemgangathweni yephepha-mvume

49. (1) Kufuneka ibe ngumqathango walo naliphi na iphepha-mvume lokuselela utywala kwizakhiwo apho utywala buthengiswa khona, ukuba bonke utywala obuthengisiweyo mabuselelwe kwizakhiwo ezinemvume kuphela kwaye kungabikho tywala obuthengisiweyo obunokuthathwa busiwe ngaphandle kwezakhiwo ezinemvume. 5

(2) Kufuneka ibe ngumbandela walo naliphi na iphepha-mvume lokuselela utywala ngaphandle kwezakhiwo ezinemvume ukuba akukho siphathi esiphethe utywala esiya kuvulwa kwaye akukho tywala bunokuselelwa ngaphakathi kwezakhiwo ngaphandle kwaxa kungcanyulwa njengoko kuvunyelwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala okanye iGosa eLongameleyo nokuba ngowuphi na. 10

(3) Ukuba izakhiwo zinemvume yokuba utywala bungaselelwa ngaphakathi nangaphandle kuzo, amacandelwana (1) no (2) awasebenzi kwizakhiwo ezilolo hlobo. 15

(4) Umnini wephepha-mvume oneshishini eliyivenkile yokutya akanako ukuthengisa utywala ngaphandle kwewayini.

(5) Ivenkile ethengisa ukutya exelwe kwicandelwana (4) kufuneka ithengise utywala kwindawo enyulelwe oko, engenakufikeleleka kuluntu ngamaxesha onke xa utywala bungenakuthengiswa. 20

(6) IGosa eLongameleyo linokuthi nangaliphi na ixesha likhuphe iphepha-mvume phantsi kwecandelo 46 xa kuthe kwenziwa isicelo ngumnini wephepha-mvume okanye naliphi na iqela elinomdla ngesaziso esinikezelwe umnini wephepha-mvume elo—

(a) libhengeze ukuba iphepha-mvume linalo mibandela okanye eminye imibandela ekwisaziso nanjengoko linokuyibeka xa kufanelekile; okanye 25

(b) lirhoxise okanye lihlomele nawuphi na umbandela okanye isibhengezo esenziwe lilo okanye siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala.

(7) Ukwaphula okanye ukwahluleka ukuhambiselana nemibandela exelwe kwicandelwana (1), (2), (4) okanye (5) kuba lulwaphulo-mthetho.

Ukuthuthwa 30

50. (1) Kufuneka ibe ngumqathango wazo zonke ilayisenisi ezikhutshiweyo zokuselwa kotywala ngaphandle kwindawo obuthengiswa kuyo—

(a) ukuba utywala bungathuthwa ukusuka kuso nasiphi na isithuthi ngaphandle kokuba utywala obo bebu-odolwe kwindawo elayisenisiweyo ngaphambi kokuthunyelwa kotywala kambe kukhutshwe ne-invoyisi (*invoice*) ngendlela eyalelweyo, yaza ikopi yokuqala yashiywa kwindawo leyo ilayisenisiweyo; 35

(b) utywala bungathunyelwa kuphela kwidilesi ebhalwe kwi-invoyisi echazwe kumhlathi (a); kwaye

(c) ikopi ebhalwe ngokucacileyo ye-invoyisi echazwe kumhlathi (a) kufuneka igcinwe kwisithuthi eso ukususela kwithuba lokuthunyelwa kwaso ukuya kwithuba lokuthunyelwa kotywala, apho kuya kufuneka ukuba sinikwe umntu lowo wamkela utywala obo. 40

(2) Ukusilela komnini-layisenisi ekuthobeleni imiqathango ekhankanywe kwicandelwana (1) lulwaphulo-mthetho.

(3) Ukwamkela utywala obuthengwe kumboneleli bungaphelekwanga yi-invoyisi echaza igama, idilesi nenombolo yelayisenisi yomboneleli kunye nohlobo, umyinge nexabiso lokuthenga lotywala ekubonelelwe ngabo, lulwaphulo-mthetho. 45

Inxaxheba yezimali nokuqeshiswa kweendawo ezineelayisenisi

51. (1) Umnini-layisenisi akanakho, ngaphandle kokufumana imvume kuqala kwiGosa eliChophela imiCimbi, ukudlulisela inxaxheba yezimali engaphezu kwe-5% kwishishini elo lilyayisenisiweyo kuye nawuphi na umntu. 50

(2) Umnini-layisenisi onqwenela ukudlulisela inxaxheba yakhe eyimali engaphezu kwe-5% kwishishini elilyayisenisiweyo kuye nawuphi na umntu ongomye kufuneka afake isicelo, ngendlela emiselweyo, kwiGosa eliChophela imiCimbi yemvume yokwenza njalo. 55

- (3) IGosa eliChophela imiCimbi yoTywala alinakho ukunika imvume ngokwecandelwana (2) ukuba umntu lowo inxaxheba yemali ifanele ukudluliselwa kuye—
- (a) engavumelekanga ngokwecandelo 35 ukuba nayo ilayisenisi; okanye
- (b) esimilo singancomekiyo. 5
- (4) IBhodi kufuneka ngendlela emiselweyo yazise igosa lezotywala eligunyazisiweyo ngesicelo eso, kananjalo icele kulo ingxelo emalunga nokuvumeleka nokufaneleka kwaloo mntu inxaxheba yezimali efanele ukudluliselwa kuye.
- (5) IGosa elijongene nemicimbi yotywala kufuneka, kwithuba elimiselweyo, lifake ingxelo njengoko kumiselwe licandelwana (40), kwaye linakho ukubandakanya apho nawuphi na omnye umbandela eliwubonayo ukuba ujongene neso sicelo. 10
- (6) IGosa eliChophela imiCimbi kufuneka kwithuba elimiselweyo, lisale isicelo okanye lisivume.
- (7) Umnini-layisenisi akanakho ukuyiqeshisa omnye umntu ilayisenisi ngenjongo yokuba ashishine ngayo ngokwelayisenisi leyo. Phofu umnini-layisenisi onelayisenisi ebandakanya ilungelo lokusila utywala unakho ukwenza isicelo kwiSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, sicelo sokuqeshisa indawo leyo ilayisenisiweyo komnye umntu ngenjongo yokuba asile utywala ngokuthi afake isicelo sokwenza oko kwiBhodi ngendlela emiselweyo kambe nangokuhlulwa umrhumo omiselweyo. 15
- (8) IGosa eliChophela imiCimbi yoTywala linakho ukungasivumi isicelo sokuqeshisa ngaphandle kokuba lanelisekile ukuba umntu lowo uza kuqeshiselwa indawo leyo ilayisenisiweyo okanye inxalenye yayo—
- (a) asingomntu ungavumelekanga ukuba nelayisenisi ngokwecandelo;
- (b) unesimilo esincomekayo;
- (c) ufundile kananjalo uqeqeshwe ngokufanelekileyo okanye uya kufunda kananjalo aqeqeshwe ngokufanelekileyo okanye uya kuba nomsebenzi omnye okanye ngaphezulu abafunde ngokufanelekileyo kananjalo beqeqeshwe ngokufanelekileyo ngenjongo yokulawula ishishini elo. 25
- (9) Ukwaphula okanye ukusilela ekuthobeleni imimiselo yecandelwana (1) okanye yecandelwana (7) kukwaphula umthetho. 30

ULawulo

- 52.** (1) IGosa lemiCimbi yoTywala kufuneka, ngaphandle kokuba umenzi-sicelo ungumntu wendalo, xa livuma ilayisenisi, livume ukutyunjwa komntu wendalo otyunjwe ngumenzi-sicelo nohlala kwiphondo, njengomphathi weshishini elilayisenisiweyo. 35
- (2) Umnini-layisenisi ongenguye umntu wendalo unako nanini na, ngendlela emiselweyo ukutyumba umntu wendalo ohlala kwiPhondo ukuba abe ngumphathi weshishini elilayisenisiweyo, apho iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala inakho ukuvuma ukutyunjwa kwaloo mntu njengomphathi.
- (3) IGosa elijongene nemicimbi yotywala kufuneka kwithuba elimiselweyo, lifake ingxelo engokufaneleka kwaloo mntu utyunjiweyo. 40
- (4) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala sisenokungakuvumi ukutyunjwa njengomphathi kwaloo mntu ungavumelekanga ukuba abe nelayisenisi ngokwecandelo 35 okanye isimilo esingancomekiyo.
- (5) ISiGqeba seLayisenisi yezoTywala sisenakho ukuyalela ukuba umphathi ocetywayo makayokuqeqeshwa kananjalo ayokufundiswa njengoko kuchazwe yiNkundla yemiCimbi yoTywala njengomqathango wokuqala phambi kokuvunywa kolo tyumbo. 45
- (6) Umphathi okutyunjwa kuvunywe ngokweli candelo unoxanduva lokuphatha ishishini kwaye unoxanduva lokuqhuba imisebenzi efanayo naleyo yomnini-layisenisi kambe ekwanezibophelelo nobutyala obufanayo. 50
- (7) Ukuvunywa kokutyunjwa komphathi ngokweli candelo akumkhululi umnini-layisenisi nakowuphi na umsebenzi, ekuzibopheleleni nasebutyaleni bakhe obumiselwe ngulo Mthetho ngokwemiqathango yelayisenisi.
- (8) Ukuvunywa kokutyunjwa komphathi ngokwecandelwana (1) okanye ngokwecandelwana (2) kuya kuhlala kusebenza kude kutyunjwe umphathi omtsha. 55
- (9) Ukuba umntu, okutyunjwa kwakhe njengomphathi kuvunyiweyo ngokwecandelwana (1) okanye (2), uyayeka ukuphatha ishishini elilayisenisiweyo okanye uba kwimo yokungavumeleki ukuba enze njalo, umnini-layisenisi kufuneka, kwiintsuku ezingamashumi amathathu (30) ukususela kumhla wokwenzeka koku, acele 60

ngokwecandelwana (1) okanye (2) ukuba kuvunywe ukutyunjwa komphathi endaweni yakhe.

(10) Ukuba umnini-layisenisi uyasilela ekuthobeleni icandelwana (9), ilayisenisi yakhe inganqunyanyiswa ngokwecandelo 20(3)(b)(iii).

Ukuguqulwa kwendawo elayisenisiweyo okanye kohlobo loshishino 5

53. (1) Ngaphandle kokuvuma kwangaphambili kweGosa eliChophela imiCimbi okuvunywe xa bekusenziwa isicelo ngendlela emiselweyo, umnini-layisenisi akanakho—

(a) ukuqhuba nawuphi na umsebenzi ongobume, wokongeza, wokwakha ngokutsha okanye wokwandisa indawo elayisenisiweyo; 10

(b) ukuguqula ngokubonakalayo uhlobo lweshishini elinikwe ilayisenisi ukusuka kuhlobo oluchazwe kwisicelo esiqwalaselwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala xa belivuma ilayisenisi; okanye 15

(c) ukuqhuba ishishini lakhe phantsi kwelayisenisi kwindawo ekukho kuyo elinye ishishini elinenye ilayisenisi, okanye apho kuqhutywa khona naluphi na urhwebo okanye umsebenzi.

(2) Iindawo ezimbini nangaphezulu eziphantsi kophahla olunye zithatyathwa njengendawo enye ngokwecandelwana (1)(c), ukuba ezo ndawo azahlulwanga enye kwenye ngodonga okanye ngeendonga ekukho kulo umnyango, ifestile okanye omnye umngxuma, ngaphandle kokuba iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, nangaliphi na ixesha xa loo mba uphakanyiswa ngokufanelekileyo ngokubona kwalo, ligqiba ngenye indlela. 25

(3) Ukuvunywa ngokwemigaqo yecandelo (1) (a) akufunekanga kusetyenziswe ade umenzi-sicelo, kwithuba elimiselweyo, afake ubungqina obanelisayo kwiGosa eliChophela imiCimbi bokuba unelungelo lokuguqula indawo leyo ngenjongo echazwe kwisicelo.

(4) Ukwaphula okanye ukusilela ekuthobeleni icandelwana (1) kukwaphula umthetho. 30

Abantwana

54. (1) Akukho mntu uya kuvumeleka ukuba athengisele umntu ominyaka yobudala ingaphantsi kweshumi elinesibhozo (18) utywala.

(2) Akukho mntu uya kuvumeleka ukuba anike okanye abonelele umntu ominyaka ingaphantsi kwelishumi elinesibhozo (18) utywala okanye uya kuvumela ukuba loo mntu asele utywala, ngaphandle xa ibutywala obumyinge ungephi kukho umzali okanye umgadi waloo mntu. 35

(3) Umnini-layisenisi okanye umphathi, nokuba ngowuphi kwabo bantu, akavumelekanga ukuba avumele umntu ominyaka ingaphantsi kweshumi elinesibhozo (18) ukuba asele utywala kwindawo elayisenisiweyo. 40

(4) Umnini-layisenisi okanye umlawuli akavumelekanga ukuba avumele umntu ominyaka ingaphantsi kweshumi elinesibhozo (18) abe kwinxalenye yendawo elayisenisiweyo apho loo mntu angafanelekanga kuba khona ngokwalo Mthetho okanye ngokomqathango welayisenisi. 45

(5) Umntu ominyaka ingaphantsi kweshumi elinesibhozo (18) akavumelakanga ukuba afumane okanye asele utywala okanye angene kwiindawo zendawo eziyinxalenye yendawo elayisenisiweyo loo mntu ekungavumelekanga ukuba angene kuzo.

(6) Nakuphi na ukwaphula okanye ukusilela ekuthobeleni icandelwana (1), (2), (3), (4) necandelwana (5) kukwaphula umthetho. 50

AbaQeshi nabaQeshwa

55. (1) Umntu akavumelekanga ukuba aqeshe umntu ominyaka ingaphantsi kweshumi elinesibhozo (18) ngokwayamene nokuthengisa okanye nokubonelela ngotywala ngaphandle kokuba loo mntu—

(a) uminyaka ilishumi elinesithandathu (16) okanye ngaphezulu; 55

(b) uqhuba izifundo zokuqeqeshelwa ukukhathalela iindwendwe; naxa

(c) engumqeqeshwa womnini-layisenisi.

- (2) Umqeshi akavumelekanga ukuba—
- (a) abonelele umntu ngotywala ngenjongo yokumcengela ukumsebenzela;
 - (b) abonelele umqeshwa ngotywala endaweni yokumnika umvuzo;
 - (c) axhuzule emvuzweni womqeshwa imali elixabiso lotywala obunikwe loo mqeshwa; okanye nabani na egameni lakhe; okanye 5
 - (d) abambe ukuhlawulwa komvuzo womqeshwa ngenxa yemali etyalwayo ngokunxulumene nokubonelelwa ngotywala.
- (3) Nakuphi na ukwaphula okanye ukusilela ekuthobeleni icandelwana (1) necandelwana (2), kukwaphula umthetho.

Ukungena kwindawo elayisenisiweyo 10

- 56.** (1) Ngaphandle kokuba kumiselwe kwicandelo 55(1) nakwicandelwana (3) leli candelo, umnini-layisenisi akavumelekanga ukuba avumele umntu ominyaka ingaphantsi kwelishumi elinesibhozo (18) ukuba angene kwindawo ekungangenwayo kuyo.
- (2) Indawo ekungangenwayo kuyo— 15
- (a) ligumbi okanye indawo kwindawo elayisenisiweyo apho kuthengiswa khona utywala ekhawuntareni, ngaphandle xa kuthengiselwa abantu abahlala phantsi ezitafileni batye kwelo gumbi okanye kuloo ndawo;
 - (b) igumbi okanye indawo iSiGqeba seLayisenisi yezoTywala eyichonge njengendawo apho abantu abaminyaka ingaphantsi kweshumi elinesibhozo (18) bengavumelekanga khona; kunye 20
 - (c) nendawo, engeyiyo ivenkile yokutya, elayiseniselwe ukuthengisa utywala kuphela bokuselwa ngaphandle kwendawo obuthengiselwa kuyo.
- (3) Umntu ominyaka ingaphantsi kwelishumi elinesibhozo (18) angangena kwindawo ekungangenwayo kuyo xa ephelekwa ngumzali okanye ngumgadi wakhe 25 okanye ngumntu omkhulu ngemvume yomzali okanye yomgadi wakhe.
- (4) Nayiphi na indawo ekungangenwa nje kuyo kufuneka ichazwe ngendlela emiselweyo.
- (5) Nakuphi na ukwaphula okanye ukusilela ekuthobeleni icandelwana (1) necandelwana (4), kukwaphula umthetho. 30

Ukugcinwa kotywala

- 57.** (1) Umnini-layisenisi kufuneka ukuba utywala bakhe abugcine kwindawo elayisenisiweyo okanye kwindawo eyenye okanye eyongeziweyo kwiPhondo ngokokuvunywa kwayo yiSiGqeba seLayisenisi yezoTywala xa ibikhupha ilayisenisi okanye ngumChopheli wemiCimbi, xa bekusenziwa isicelo, nanini na emva koko. 35
- (2) Umnini-layisenisi akavumelekanga ukuba athengise, abonelele okanye avumele ukuselwa kotywala kuloo ndawo okanye kuloo ndawo yokugcina utywala yongeziweyo.
- (3) Nakuphi na ukwaphula okanye ukusilela ekuthobeleni icandelwana (1) necandelwana (2), kukwaphula umthetho. 40

Indawo yokuthengisela

- 58.** (1) Umnini-layisenisi akavumelekanga ukuba athengise okanye abonelele ngotywala kwindawo engeyiyo leyo ilayisenisiweyo.
- (2) Ingatyeshelwanga imimiselo yeli candelo, umnini-layisenisi uvumelekile ukuba azise ngentengiso yotywala kambe afune kananjalo afumane ii-odolo zokuthenga 45 utywala kwenye indawo engeyiyo leyo ilayisenisiweyo.
- (3) Nakuphi na ukwaphula okanye ukusilela ekuthobeleni icandelwana (1) kukwaphula umthetho.

Amaxesha okurhweba

- 59.** (1) Ngokuxhomekeke kwimiqathango emiselwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala xa ibikhupha ilayisenisi okanye emva kwendibano ngokwecandelo 20, umnini-layisenisi uvumelekile ukuba athengise utywala kwiintsuku okanye kwiyure zokurhweba ezinokumiselwa siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala, isimisela amashishini alayisenisiweyo: ukuba amaxesha okurhweba akhutshwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala awadluli kwiinyure eziqingqwe ngumapasila ngokomthetho 55

- (2) UMasipala ngokomthetho angaziqingqa iintsuku namaxesha orhwebo amashishini alayisenisiweyo athengisa utywala ukuba buselwe kwindawo elayisenisiweyo: ukuba iyure zorhwebo eziqingqwe ngumasipala azidluli kwiyure zorhwebo ezikhutshwe kwicandelwana (3) (a) no (b).
- (3) (a) Ngokuxhomekeke kwimiqathango emiselwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ngokwemigaqo yecandelo (1), ukuba umasipala akaziqingqanga iintsuku neeyure njengoko zinikeziwe kwicandelwana (2) , umnini-layisenisi yendawo ekuthengiswa kuyo utywala ngenjongo yokuba buselwe ngaphandle kwendawo elayisenisiweyo unako uvumelekile ukuba athengise utywala ngalo naluphi na usuku phakathi kwentsimbi yesi-09:00 nentsimbi yama-18:00. 5
- (b) Ngokuxhomekeke kwimiqathango emiselwe siSiGqeba seLayisenisi yezoTywala ngokwecandelwana (1) ukuba umasipala akaziqingqanga iintsuku neeyure njengoko zinikeziwe kwicandelwana (1), umnini-layisenisi wendawo ekuthengiswa kuyo utywala ngenjongo yokuba buselwe kwindawo elayisenisiweyo uvumelekile ukuba athengise utywala ngalo naluphi na usuku phakathi kwentsimbi ye-11:00 nentsimbi yesi-02:00 ngosuku olulandelayo. 10
- (c) Ukuba umnini-layisenisi unelayisenisi yokuselwa kotywala kwindawo obuthengiselwa kuyo nangaphandle kwayo, umhlathi (a) usebenza ngokubhekiselele ekuthengisweni kotywala bokuselwa ngaphandle kwendawo elayisenisiweyo ukuze umhlathi (b) usebenze ekuthengisweni kotywala bokuselwa kwindawo elayisenisiweyo. 20
- (4) Umnini-layisenisi angafaka isicelo nangaliphi na ixesha kwisiGqeba seLayisenisi yezoTywala sokuba amaxesha akhe orhwebo anyenyiselwe kwixesha elisemva kwelo kubhekiselelwe kulo kwicandelwana (3): ukuba elo xesha kuzakunyenyiselwa kulo libekwe sisiGqeba seLayisenisi yezoTywala alidluli kwintsimbi yesi 20:00 kwangalo mini ngokubhekiselele kwicandelwana (3)(a) nakwintsimbi yesi 04:00 kusuku olulandelayo ngokubhekiselele kwicandelwana (3)(b). 25
- (5) IsiGqeba seLayisenisi yezoTywala sisenokungasivumeli isicelo ekubhekiselelwe kuso kwicandelwana 4 ngaphandle kokuba kuyonelisa ukuba ukuvunywa kwesicelo —
- (a) kuvumelekile ngokwasekuhlaleni, kwaye
- (b) akuzi kuphazamisa— 30
- (i) abahlali benginqqi ekuhlalwa kuyo;
- (ii) abantu abahlala kwikhaya labantu abadala okanye abanempilo ebuthathaka;
- (iii) abafundi besikolo beziko lemfundo abangaphantsi kweminyaka elishumi elinesibhozo (18); 35
- (iv) izigulana zeziko labo baxhomekeke kwiziyobiso nezinto ezinxulumene notywala;
- (v) amalungu ebandla elime kwindawo yezakhiwo ezo zilayisenisiweyo
- (6) IBhodi kufuneka, ngexesha elimiselweyo emva ngokuvunywa okanye kokwaliwa kwesicelo esenziweyo ngokwecandelwana (4), yazise umfaki-sicelo ngesigqibo sesiGqeba seLayisenisi yezoTywala. 40
- (7) Apho isicelo sivunyiweyo, umfaki-sicelo kufuneka ehlawule intlawulo emiselweyo kwiintsuku ezingamashumi amathandathu (60) zokukhutshwa kwesaziso ekubhekiselelwe kuso kwicandelwana (6) apho isaziso sibhekiselele ekuvunyweni kwesicelo. 45
- (8) Ngokuxhomekeke kwicandelo 89(10), umnini-layisenisi othengisa okanye obonelela ngotywala okanye ovumela ukuselwa kotywala kwindawo elayisenisiweyo ngexesha ekuthengiswa kotywala kungavunyelwanga yilayisenisi, uyakuba netyala lokwaphula umthetho. 50

Ubungakanani botywala obuthengisiweyo nokugcinwa kweerekhodi

- 60.** (1) Umnini-layisenisi kufuneka agcine, ngendlela emiselweyo, irekhodi yabo bonke utywala obuthengiselwe ukuselwa ngaphandle kwendawo elayisenisiweyo.
- (2) Akukho mntu, ngaphandle komnini-layisenisi ovumeleke ukuba athenge, kwaye umnini-layisenisi akavumelekanga ukuba athengisele umntu omnye ngosuku olunye utywala bokuselwa ngaphandle kwendawo elayisenisiweyo obumyinge ungaphezulu kwalowo unokumiselwa ngumPhathiswa, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yomChopheli wemiCimbi yoTywala. 55
- (3) Umntu ongalayiseniswanga okanye ongagunyaziselwanga ukuthengisa utywala akavumelekanga nanini na ukuba abe notywala kuye obungaphezulu komyinge 60

omiselwe ngokwemigaqo yecandelo (2), ngaphandle kokuba oko kwenzeka ngemvume echazwe kwelo candelwana.

(4) Nakuphi na ukwaphula okanye ukusilela ukuthobela icandelwana (1), (2) necandelwana (3), kukwaphula umthetho.

Izinto ezingavumelekanga

5

61. (1) Umntu akavumelekanga ukuba asile, athengise okanye abonelele ngento egameni lotywala ukuba loo nto ayibubo utywala njengoko buchazwe kulo Mthetho.

(2) Umntu akavumelekanga ukuba asile, athengise okanye abonelele ngento njengento engaselwayo njengotywala, agalele into engaselwayo etywaleni, athengise okanye abonelele ngabo nabuphi na utywala ekugalelwe kubo into engaselwayo.

10

(3) Ukwaphula okanye ukusilela ukuthobela icandelwana (1) okanye icandelwana (2) kukwaphula umthetho.

ISIAHLUKO 8

UKUBA SEMTHETHWENI NOKUHLAZIYWA KWAMAPHEPHA-MVUME

Ukuba semthethweni kwamaphepha-mvume

15

62. (1) Iphepha-mvume lisemthethweni ukusukela kula mhla lakhutshwa ngawo.

(2) Iphepha-mvume liphelelwa —

(a) ngalo mhla umnikazi phepha-mvume elirhoxisa ebhale phantsi;

(b) ngomhla woku-1 Januwari ngalo nyaka imirhumo efanelekileyo emiselweyo ingahlawulwanga okanye phambi kwama-31 Disemba kunyaka ongaphambili;

(c) ngomhla omiselwe sisiGqeba sokuNikezwa kwamaPhepha-mvume oTywala xa ilirhoxisa iphepha-mvume;

(d) apho iphepha-mvume sele lisemthethweni, ngalo mhla inkundla isimisayo isigqibo sokukhupha okanye ukunikezela iphepha-mvume; okanye

25

(e) ngalo mhla litshintshwayo libe lolunye uhlobo lwephepha-mvume ngokwemigaqo yecandelo 89.

(3) Iphepha-mvume eliphelelweyo, aze amalungelo, izibonelelo, iimfanelo neenkathazo ebezihamba nalo phambi kwalo mhla wokuba liphelelwe, liba semthethweni kwakhona ngomhla —

30

(a) xa iphepha-mvume liphelelwe ngenxa yeemeko ekubhekiselwa kuzo kwicandelwana (2)(b), iimali ekubhekiswa kuzo—

(i) kunye nesohlwayo sama-50% zihlawulwe phambi okanye ngama-31 Januwari; okanye

(ii) kunye nesohlwayo se-100% zihlawulwe phakathi komhla wokuqala nowokugqibela kaFebruwari walo nyaka ezo zimali bekufanele ukuba zihlawulwe;

35

(b) xa iphepha-mvume liphelelwe ngenxa yeemeko ekubhekiselwa kuzo kwicandelwana (2)(c), isigqibo sesiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sokurhoxisa elo phepha-mvume siyamiswa yinkundla; okanye

40

(c) xa iphepha-mvume liphelelwe ngenxa yeemeko ekubhekiselwa kuzo kwicandelwana (2)(d), isigqibo senkundla sokumisa isigqibo sokunikezela okanye ukukhupha iphepha-mvume siyamiswa kulindwe isibheni.

(4) IGosa eloNgameleyo unakho, akuba efumene ingxelo yokuba umnikazi phepha-mvume akasekho kwizakhiwo ebezisetyenziswa ngokwamaphepha-mvume, ukulimisa iphepha-mvume ngendlela ecacisiweyo ngoko nangoko.

45

(5) Ukumiswa kwephepha-mvume ngokwecandelwana (4) kuyayeka emva kokufunyanwa liGosa eloNgameleyo kobungqina bokuba umnikazi phepha-mvume akasishiyanga isakhiwo ebezisetyenziswa ngala maphepha-mvumve okanye siyasetyenziswa kwakhona ngulo mnikazi wamaphepha-mvume mnye.

50

Ukuhlaziywa kwamaphepha-mvume okuzenzekelayo

63. (1) IBhodi ingakhupha isaziso sokuhlaziya sonyaka, ngendlela emiselweyo, ungekadluli umhla wama-31 Okthobha wonyaka ophambi kwalo imirhumo yokuhlaziya iza kuhlawulelwa wona.

55

(2) Yakuba ihlawulwe imirhumo emiselweyo, iphepha-mvume lihlaziyekile ke ngoko lisemthethweni kude kube ngama-31 Disemba walo nyaka imirhumo ihlawulelwa wona.

(3) Umnikazi phepha-mvume akanakungayihlawuli imirhumo emiselweyo ngexesha ukuba isaziso asithunyelwanga okanye akasifumananga. 5

(4) Umnikazi phepha-mvume ongakwazanga ukuhlawula umrhumo wokuhlaziya omiselweyo phambi okanye ngomhla wokugqibela kaFebruwari walo nyaka imirhumo yokuhlaziya ebekufanele ukuba ihlawulwe ngayo, unako, phambi okanye ngama-31 Matshi aloo nyaka, ukufaka isicelo esibhaliweyo kwiGosa eliPhezulu lesiGqeba sokucela uxolo ngokungakwazi ukuhlawula, iGosa eliPhezulu lesiGqeba lingakuxolela oku liyamkele intlawulo emiselweyo efike emva kwexesha ngomhla oza kugqitywa yiBhodi, oku kuhamba nokuhlawulwa komrhumo wokuhlaziya kunye nesohlwayo esiyi-150%. 10

(5) Ukuba iGosa eliPhezulu lesiGqeba limxolele ngokwemigaqo yecandelo (4) kwaye nomrhumo wokuhlaziya nesohlwayo zihlawulwe, iphepha-mvume lithathwa ngokuba lihlaziywe kwangama-31 Disemba onyaka ophambi kwalo imirhumo yokuhlaziya ihlawulelwa wona. 15

(6) Ukuba umnikazi phepha-mvume akakwazi ukuhlawula imirhumo yokuhlaziya emiselweyo kunye nesohlwayo asifumene ngokwemigaqo yecandelwana (4), iphepha-mvume liza kuthathwa ngokuba liphelelwe ngomhla woku-1 Januwari walo nyaka imirhumo yokuhlaziya ibifanele ukuba ingawo. 20

Ukufaka isicelo sokuhlaziya iphepha-mvume

64. (1) Ukuba umnikazi phepha-mvume, ukusukela kumhla wokukhutshwa kwephepha-mvume okanye, ukuba iphepha-mvume lihlaziyiwe, ukusukela emva kokuhlaziya kokugqibela kwephepha-mvume— 25

- (a) akavumelekanga ngokwemigaqo yecandelo 35 ukuba abe nephepha-mvume;
- (b) ufunyaniswe engafanelekanga ukuba abe nephepha-mvume lotywala sisiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala;
- (c) akasithobelanga isaziso esinyanzelisa oku esikhutshwe ngokwalo Mthetho;
- (d) bekukhutshwe ingxelo ngaye ngokwecandelo 73(7)(c) okanye (d); okanye 30
- (e) bekufakwe isikhalazo ngaye kumasipala, iphepha-mvume alikwazi ukuphinda lizihlaziyekele ngokwecandelo 63, kodwa lingahlaziywa yiBhodi emva kokuba umnikazi phepha-mvume efake isicelo ngendlela emiselweyo nefanelekileyo kwaye nomrhumo ofanelekileyo uhlawulwe.

(2) IBhodi kufuneka, phambi kwama-31 Julayi alo nyaka isaziso sokuhlaziya kufuneka sikhutshwe ngawo, akhuphele umnikazi phepha-mvume okubhekiswa kuye kwicandelwana (1) isaziso — 35

- (a) esimxelelayo umnikazi phepha-mvume ukuba iphepha-mvume alizukuzihlaziyekela; kwaye
- (b) simxelela umnikazi phepha-mvume ukuba afake isicelo ngendlela efanelekileyo sokuhlaziya kwephepha-mvume engadlulanga ama-30 Septemba aloo nyaka. 40

(3) Ukuba umnikazi phepha-mvume akasithobeli isaziso ekuthethwa ngaso kwicandelwana (2), iphepha-mvume liza kuphelelwa ngama-31 Disemba aloo nyaka, kodwa oku kuxhomekeka kwicandelwana (4). 45

(4) Ukuba umnikazi phepha-mvume ufaka isicelo ekubhekiswa kuso kwicandelwa (2)(b) emva kwama-31 Septemba engekafiki ama-31 Disemba onyaka isaziso sokuhlaziya ekufuneka sikhutshwe ngawo, umnikazi phepha-mvume angafaka isicelo esibhaliweyo kwisiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sokuxolelwa kokungakwazi kwakhe ukuhlawula, isigqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sona singamxolela, siyamkele intlawulo yokuhlaziya emiselweyo efike emva kwexesha ngomhla ogqitywe sisiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala, kodwa oku kuxhomekeka ekuhlawulweni kwesohlwayo esili-150% lalo mrhumo. 50

(5) Ukuba umnikazi phepha-mvume uyasithobela isaziso, iphepha-mvume liza kuhlala lisemthethweni side isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sigqibe ukuqwalasela isicelo sokuhlaziya. 55

(6) Xa siqwalasela isicelo sokuhlaziya, isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sinoxanduva namagunya esiba nawo xa siqwalasela isicelo sephepha-mvume elitsha, kubandakanya negunya lokusikhaba okanye ukusivuma isicelo, oku kuxhomekeka kwimiqathango esiyibona ifanelekile. 60

(7) Ukuba isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala siyasamkela isicelo sokuhlaziywa kwephepha-mvume, iphepha-mvume lithathwa ngokuba lihlahlaziye ngokwemigaqo yecandelo 63(2).

(8) Ukuba isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala siyasikhaba isicelo sokuhlaziywa kwephepha-mvume, iphepha-mvume liphelelwa ngoko nangoko okanye ngaloo mhla uza kugqitywa sisiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala. 5

ISAHLUKO 9 UKUSHIYA, UKUTSHINTSHWA NOKUTHATHWA KWAMAPHEPHA-MVUME

Ukushiya nokukhutshelwa kwamaphepha-mvume 10

65. (1) Umnikazi phepha-mvume oshiya ishishini elinamaphepha kufuneka, zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) ukusuka kumhla wokushiya, azise iBhodi ngokubhaliweyo ngendlela efanelekileyo achaze nendlela ashaye ngayo.

(2) Ukusilela ukwazisa iBhodi ngokushiya lityala elo.

(3) Umntu othenge ishishini elinamaphepha angafaka isicelo kwiGosa eloNgameleyo sokuvunyelwa ukuba ashishine aqhube ishishini elinamaphepha ngoku asalindele ukutshintshelwa kwephepha-mvume kuye. 15

(4) Isicelo ngokwemigaqo yecandelwana (3) masifakwe ngokumangala ngendlela emiselweyo kwiGosa eloNgameleyo.

(5) IGosa eloNgameleyo lingavuma ligunyazise umthengi weshishini ukuba ashishine ngegama lakhe ixesha elimiselweyo, xesha elo lingenakuba ngaphezulu kwiinyanga ezintandathu ukusuka kumhla wokuvunywa kwesicelo. 20

(6) IGosa eloNgameleyo linakho nanini ukurhoxisa okanye emva kokufakwa kwesicelo ngumthengi ukulandisa ixesha ebelinikiwe ngokwemigaqo yecandelwana (5). 25

(7) Umntu isicelo sakhe esivunyiweyo ngokwecandelwana (5), unakho ukuqhuba ishishini elinamaphepha ngokwemiqathango yephepha-mvume, ngegama lakhe, kwaye unamalungelo afanayo kwaye umelwe luxanduva namatyala afanayo nawomnikazi phepha-mvume.

(8) Ukuvunywa kwesicelo ngokwemigaqo yecandelwana (5) akumkhululi umnikazi phepha-mvume nakuyiphi na imisebenzi noxanduva oluhambelana nephepha-mvume. 30

(9) Umnikazi phepha-mvume angafaka isicelo sokutshintshelwa kwephepha-mvume komnye umntu ngokumangala kwiBhodi ngesicelo, ngendlela emiselweyo, akuba ehlawule imirhumo emiselweyo.

(10) IBhodi kufuneka, ngendlela emiselweyo, yazise igosa lezobutywala elifanelekileyo ngesi sicelo, icele kulo ingxelo ephathelene nokufaneleka nokulungela ukuba nephepha-mvume kwalo mnikazi phepha-mvume kubhekiswa kuye. 35

(11) Igosa lezobutywala elifanelekileyo kufuneka, ngexesha elimiselweyo, lifake ingxelo njengoko kufuneka kwicandelwana (1), kwaye kulo ngxelo igosa lezobutywala elifanelekileyo lingafaka nezinye izinto elizibona lona zihambelana nesicelo. 40

(12) IsiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala kufuneka, lingaphelanga ixesha elimiselweyo, sisikhabe okanye sisamkele isicelo.

(13) IsiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sisenokungasivumeli isicelo sokutshintshwa ngaphandle kokuba sanelisekile ukuba lo mnikazi phepha-mvume kuthethwa ngaye — 45

(a) akawalwanga ekufumaneni iphepha-mvume ngokwemigaqo yecandelo 35;

(b) ungumntu olungileyo; kwaye

(c) ufunde kwaye uqeqeshwe okanye uza kufunda kwaye aqeqeshwe ngokufanelekileyo, okanye uza kuqesha umsebenzi omnye okanye ngaphezulu oza kube efunde okanye eqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba apha the ishishini elo linamaphepha. 50

(14) IsiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sinakho, xa sisivuma isicelo sokutshintshwa, ukuyalela loo mnikazi phepha-mvume kuthethwa ngaye, okanye umsebenzi omnye okanye ngaphezulu wakhe, ukuba afunde aqeqeshwe ngendlela isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala esifuna ngayo. 55

(15) IBhodi mayazise umnikazi phepha-mvume ekuthethwa ngaye, lingaphelanga ixesha elimisiweyo emva kokuba isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sisivumile isicelo sokutshintshwa kwephepha-mvume, ngokubhalwe phantsi ukuba isicelo sivunyiwe.

(16) Umnikazi phepha-mvume ekuthethwa ngaye kufuneka ahlawule imali emiselweyo zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathandathu (60) sikhutshiwe isaziso ekubhekiswa kuso kwicandelo 15.

(17) IBhodi kufuneka, lingaphelanga ixesha elimiselweyo emva kokuba imali emiselweyo ekubhekiswa kuyo kwicandelwana (9) ihlawulwe, oku kuxhomekeke kumacandelo 42, 43, 44, 45 nelama-53(1) nele-(2), ikhuphe iphepha-siqinisekiso sokutshintshwa kwephepha-mvume ekuthethwa ngalo, esicacisa imiqathango, iphepha-mvume elisebenza ngayo, enyanzeliswa sisiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala. 5

(18) Ukuba umnikazi phepha-mvume ekuthethwa ngaye akakwazi ukuhlawula imali ekubhekiswa kuyo kwicandelwana (16), ukuvunywa kwesicelo kuza kurhoxiswa, kodwa oku kuxhomekeke kwicandelwana (19). 10

(19) Umnikazi phepha-mvume ekuthethwa ngaye unakho, zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathandathu (60) emva kokuphela kwexesha ekubhekiswa kulo kwicandelwana (16), ukufaka isicelo esibhaliweyo kwiGosa eliPhezulu lesiGqeba sokuxolelwa kokungakwazi ukuhlawula imali emiselweyo ekubhekiswa kuyo kwicandelwana (16), iGosa eliPhezulu lesiGqeba linakho ukumxolela liyamkele intlawulo efike emva kwexesha ekuthethwa ngayo ngomhla oza kugqitywa liGosa eliPhezulu lesiGqeba, kodwa oku kuxhomekeke kwintlawulo yesohlwayo se-100% yalo mali. 15 20

(20) Ukuba lo mnikazi phepha-mvume kuthethwa ngaye uyafa, uyatshona okanye kukho ubungqina obusuka enkundleni bokuba akakwazi ukuphatha imicimbi yakhe, okanye njengenkampani, ingxowa, ishishini elikhulu, okanye ishishini elincinci utshonile ngosuku oluphambi komhla wokuqwalaselwa kwesicelo sokukhutshelwa, umabi-mafa, umgcini-mafa, umphathi-mafa okanye ophethe umcimbi wokubhangisa, lowo ufanelekile kubo, angadlala indima ngokwamagunya namalungelo lo mntu, nkampani, ngxowa shishini, ebenokubanawo ukuba bekungafikanga ukufa, atshone okanye abhange. 25

(21) IsiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sinakho, ngokokubona kwaso, ukusivuma isicelo sokutshintshwa sisinike umabi-mafa, umgcini-mafa, umphathi-mafa okanye lowo uphetha umcimbi wokubhangisa okanye omnye umntu isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sona esimbona efanelekile. 30

Ukususwa kwephepha-mvume

66. (1) Iphepha-mvume lotywala lethutyana okanye iphepha-mvume lotywala lamatheko akhethekileyo alinakususwa kwizakhiwo ezenzelwe lona lisiwe kwesinye. 35

(2) Umnikazi phepha-mvume, ngaphandle komntu onephepha-mvume lotywala lethutyana nephepha-mvume lotywala lamatheko akhethekileyo, unakho nanini na ukufaka isicelo sokususwa, nokuba oku kusionxina okanye kokwethutyana, kwephepha-mvume kwisakhiwo elenzelwe sona sisiwe nakwisiphina isakhiwo esikwalapha ePhondweni. 40

(3) IBhodi kufuneka, ngendlela ecacisiweyo, yazise igosa elifanelekileyo lezotywala umcimbi wamaphepha-mvume, ngesicelo lifune ingxelo kuye, njengoko kumiselwe, apho ukuvunywa kwesicelo kuza kuchaphazela ukususwa kwephepha-mvume liye kwenye indawo ephantsi kwelinye igosa lezotywala elonyuliweyo, iBhodi kufuneka, ngendlela emiselweyo, yazise igosa lezotywala elonyuliweyo iphepha-mvume elo liza kususwa lisiwe kuyo, ngesicelo icele nengxelo kuye, njengoko kumiselwe. 45

(4) IsiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala kufuneka siqwalasele isicelo ngasinye sokususwa kwephepha-mvume kwaye sinakho —

(a) ukusikhaba isicelo; okanye 50

(b) sisivume isicelo.

(5) IBhodi kufuneka, lingaqithanga ixesha elimiselweyo emva kokuba isiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sisivumile isicelo sokususwa kwephepha-mvume, kodwa oku kuxhomekeke kwicandelwana (10), sazise umfakisicelo ngokubhaliweyo ngokuba isicelo sakhe sivunyiwe. 55

(6) IBhodi kufuneka, emva kokuba kuhlululwe imali emiselweyo zingaphelanga iintsuku ezimashumi amathandathu (60) emva kokukhutshwa kwesaziso ekubhekiselwa kuso kwicandelwana (5), ikhuphe iphepha-siqinisekiso sokususwa isinike umnikazi phepha-mvume ngendlela emiselweyo.

(7) Ukuba umnikazi phepha-mvume akakwazi ukuhlawula iimali ekuthethwa ngazo kwicandelwana (6), isicelo siza kuphelelwa, kodwa oku kuxhomekeke kwicandelwana (8)

(8) Umnikazi phepha-mvume unakho, singaphelanga isithuba seentsuku ezingamashumi amathandathu (60) emva kokuphela kwexesha ekuthethwa ngalo kwicandelwana (6), ukufaka isicelo esibhalwe phantsi kwiGosa eliPhezulu lesiGqeba sokuxolelwa ngokungakwazi ukuhlawula iimali ezimiselweyo ekuthethwa ngazo kwicandelwana (6), iGosa eliPhezulu lesiGqeba lingamxolela ngokungakwazi ukwenza oku liyamkele intlawulo efika emva kwexesha yemali exeliweyo ngomhla oza kugqitywa liGosa eliPhezulu lesiGqeba, kodwa oku kuxhomekeka kwintlawulo yesohlwayo esili-100% yaloo mali.

(9) Iphepha-siqinisekiso sokususwa lixhomekeke kwimiqathango ecaciswe kwiphepha-siqinisekiso enyanzeliswa liGosa eloNyuliweyo okanye isigqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala, lowo ufanelekileyo, ngokokubona kwakhe.

(10) IGosa eloNgameleyo linakho nanini na emva kokukhutshwa kwephepha-siqinisekiso sokususwa, ngesaziso esisiwe okanye esinikwe umnikazi phepha-mvume ekuthethwa ngaye, ukurhoxisa okanye litshintshe nawuphi na umqathango onyanzeliswa lilo okanye isigqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala phantsi kweli candelwana (9).

(11) Isiphumo sokukhutshwa kwephepha-siqinisekiso lokususa kukuba umnikazi phepha-mvume unakho ngokusisigxina okanye ngokwexeshana eligqitywe liGosa eloNgameleyo okanye isigqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala, lowo ufanelekileyo kubo, nelicaciswe kwiphepha-siqinisekiso, ukuba aqhube ushishino elihambelana nemiqathango ekwiphepha-mvume, kwizakhiwo, izicwangciso zaso zokwakhiwa ezaziphunyezwe liGosa eloNgameleyo okanye isigqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala, lowo ufanelekileyo kubo, kodwa ezi zakhiwo azinakho, ngokwephepha-mvume elifakelwa esi sicelo kuthethwa ngaso, ukuquka indawo okanye iindawo yena ngokunokwakhe agqibe ukuba zingaqukwa.

(12) Apho iphepha-siqinisekiso sokususwa sivumela ukususwa kwephepha-mvume ixesha elimiselweyo, iGosa eloNgameleyo linakho nanini na phambi kokuphela kwelo xesha, xa umnikazi phepha-mvume ekuthethwa ngaye efake isicelo —

(a) ukulandisa elo xesha; okanye

(b) ukulirhoxisa iphepha-siqinisekiso.

(13) Ukuba isicelo sokususwa kwephepha-mvume sivunyiwe sisiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sivunyelwa izakhiwo ezingekakhiwa, okanye izakhiwo ezisafuna ukuqhaqhwa zilungiswe, ukufakelwa okanye ukudilizwa zakhiwe ngokutsha ukuze zikulungele eziza kusetyenziselwa kona ngokwephepha-mvume, iBhodi kufuneka, kwisaziso ekubhekiswa kuso kwicandelwana (5), iyalele umnikazi phepha-mvume ukuba azithobele ezo meko okanye iimfuneko, ekubhekiswa kuzo kwisaziso, ngokuphathelele nezo zakhiwo ziza kukhonjwa liGosa eloNgameleyo, lingaphelanga elo xesha ligqitywe liGosa eloNgameleyo.

(14) IGosa eloNgameleyo linakho nangaliphi na ixesha emva kokukhutshwa kweso saziso, kwisicelo somfaki-sicelo ekubhekiswa kuso —

(a) ukurhoxisa okanye ukutshintsha imeko okanye umqathango omiselwe phantsi kwecandelwana (13)

(b) ukwandisa ixesha eligqitywe phantsi kwecandelwana (13);

(c) ukwandisa ixesha eligqitywe landiswa phantsi komhlathi (b) ngokuphathelele nezakhiwo ezingekakhiwa ngethuba kukhutshwa isaziso, ukuba uzonzile ukuba ubuninzi besakhiwo sele bakhiwe; okanye

(d) ukuphumeza isicwangciso sesakhiwo esitshintshiweyo ngokwezi zakhiwo.

(15) Ixesha elimiswe phantsi kwecandelwana (13) okanye ixesha ekugqitywe laze landiswa phantsi kwecandelwana (14) (b), leyo kuyiyo, alinakuba ngaphezulu kwiinyanga ezingamashumi amabini anane (24), kwaye ixesha elandiswe okanye liphinde landiswa phantsi kwecandelwana (14) (c), leyo kuyiyo, alinakuba ngaphezulu kwiinyanga ezilishumi elinambini (12).

(16) Xa iGosa eloNgameleyo laniselikile zizakhiwo isaziso esikhutshelwe zona phantsi kwecandelwana (13), kwaye zakhiwe ngokwesicwangciso sesakhiwo ebisiphunyezwe liGosa eloNgameleyo okanye sisiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala, lowo ufanelekileyo kubo, yaye imiqathango neemeko ezimiselwe liGosa eloNgameleyo ithotyelwe kwaye nezakhiwo zikulungele ukwenza le nto bezilungiselelwe yona ngokwephepha-mvume ekubhekiswa kulo, iBhodi kufuneka ikhuphe iphepha-siqinisekiso sokususwa ngokwecandelwana (6)

(17) Ukuba iphepha-siqinisekiso lokususwa alikhutshwanga phambi kokuphelelwa kwexesha elimiselwe phantsi kwecandelwana (13) okanye elandisiweyo phantsi kwecandelwana (14)(b) okanye liphinde landiswa kwakhona phantsi kwecandelwana (14)(c), leyo ifanelekileyo kuzo, isaziso ekubhekiswa kuso siyaphelelwa size isicelo sokususwa kwephepha-mvume sithathwe ngokuba khangе sinikezelwe. 5

Ukushiywa kwezakhiwo nokufa okanye ukungakwazi ukusebenza kwephepha-mvume

- 67.** (1) IsiGqeba sokuNikezelwa kwamaPhepha-mvume oTywala sinakho, ukuba sizonezile ukuba —
- (a) ishishini elinephepha-mvume lishiyiwe ngumnikazi phepha-mvume; okanye 10
- (b) umnikazi phepha-mvume ngumntu ochazwe kwicandelwana (3), kwaye umgcini-mafa, lowo uphatha imicimbi enje, umphathi-mafa, umabi-mafa okanye lowo uchophela ukubhangiswa akakonyulwa, ukonyula umntu uza kugcina iphepha-mvume aqhube ushishino olunephepha-mvume kude konyulwe umgcini-mafa, oza kuphatha lo mcimbi, umphathi-mafa, umabi-mafa okanye oza kuchophela ukubhangiswa, okanye xa ilishishini elisuke latyalwa nje, umphathi. 15
- (2) Umntu owonyulwe ngokwemigaqo yecandelo (1)(b) uthathwa ngokuba ungumnikazi phepha-mvume.
- (3) Ukuba umnikazi phepha-mvume uyafa, okanye uyabhanga, okanye unikezelwa kwabomthetho okanye kufunyenwe ingxelo ethi akakwazi ukuphatha imicimbi yakhe esuka ezinkundleni, okanye ukuba yinkampani, ishishini eliphakathi litshonile —
- (a) iphepha-mvume lixhomekeka kumgcini-mafa welifa longasekhoyo, kochophela ishishini elitshonileyo, kumphathi wabomthetho, kumabi-mafa okanye kochophela ukubhangisa, loo meko kuyiyo, ukusuka kumhla wokonyulwa. 25
- (b) umgcini-mafa welifa longasekhoyo, lowo uchophela ishishini elitshonileyo, umphathi wabomthetho, umabi-mafa okanye lowo uchophela ukubhangisa angaqhuba ishishini elinephepha-mvume ngendlela enye kwaye abotshelwe yimiqathango efana neyomnikazi phepha-mvume ukuba ebengasutywanga kukufa, atshone okanye abhange; kwakunye 30
- (c) umgcini-mafa welifa longasekhoyo, lowo uchophela ishishini elitshonileyo, umphathi wabomthetho, umabi-mafa okanye lowo uchophela ukubhangisa angafaka isicelo sokukhutshelwa kwephepha-mvume ngokwemigaqo yecandelo 65 kwaye ngokwesi sicelo uza kuthathwa njengomnikazi phepha-mvume. 35

ISAHLUKO 10

IZIBHENO NOVANDLAKANYO

Izibheno nezicelo zovandlakanyo eziya kwiSigqeba seZibheno

- 68.** (1) ISigqeba seZibheno kufuneka siqwalasele nasiphi na isibheno okanye isicelo sovandlakanyo ngaso nasiphi na isigqibo seSigqeba seeLayisenisi zoTywala ngokwemigaqo yecandelo 20(3). 40
- (2) ISigqeba seZibheno sisenokusiqinisekisa isigqibo eso okanye umyalelo lowo sisukela kuwo isibheno eso okanye isicelo sovandlakanyo eso, ngokokufuna kweemeko. 45
- (3) Umfaki-sicelo okanye lowo uchaphazelekayo ongaxolanga sisigqibo seSigqeba seeLayisenisi zoTywala usenokuthi, lingaphelanga elo xesha libekiweyo emva kokuba efumene izizathu zesigqibo seSigqeba seeLayisenisi zoTywala, angenise isaziso kwiSigqeba seeLayisenisi zoTywala sokuba uyabhena okanye ucela uvandlakanyo, ngokwendlela ebekiweyo yokwenza oko. 50
- (4) Isibheno okanye uvandlakanyo kufuneka luchotshelwe ngokungathi sisibheno esingeniswe kwiNkundla ePhakamileyo kubhenwa ngesigwebo senkundla kamantyi kwityala lembambano kwaye nawo nawuphi na umthetho osebenza kwisibheno sembambano esilolo hlobo, uya kuthi usebenze, kwenziwe ke ezo nguqu zithe zaba yimfuneko. 55
- (5) Ngaphandle kokuba umfaki-sicelo okanye lowo uchaphazelekayo ebethe wakhululwa kwimfuneko yokuba ahlawule intlawulo yesibambiso ngokwemigaqo yecandelwana (6), umntu ongaxolanga sisigqibo sesiSigqeba seeLayisenisi zoTywala

kufuneka athi ngeli xesha angenisa isibheni okanye isicelo sovandlakanyo ngokwemigaqo yecandalo (3), ahlawule eso sixamali sibekiweyo njengentlawulo yesibambiso intlawulo leyo eya kukhawulelana neendleko esinokuthi singene kuzo iSigqeba seeLayisenisi zoTywala okanye lowo ungumchasi.

(6) ISigqeba seZibheni, sisenokuthi, ngokucelwa ngumfaki-sicelo okanye ngulowo uchaphazelekayo ungaxolanga sisigqibo seSigqeba seeLayisenisi zoTywala, sisithobe esi sixa sentlawulo yesibambiso okanye simkhulule umfaki-sicelo okanye lowo uchaphazelekayo kwimfuneko yokuhlulwa intlawulo yesibambiso. 5

(7) Imali ethe yahlawulwa njengentlawulo yesibambiso ngokwemigaqo yeli candelo kufuneka ihlawulwe kwiGosa eliLawulayo eliyiNtloko, eliya kuthi ke lona liye kuyifaka ebhankini kwiakhawunti eyodwa, apho ke iya kulindiselwa isiphumo sesibheni okanye sovandlakanyo, apho ke aya kuthi ahlawule ngokomyalelo onikwa siSigqeba seZibheni. 10

(8) ISigqeba seZibheni sisenokuwukhupha loo myalelo ngokwentlawulo yeendleko zamaqela la achaphazeleka kule nkqubo okanye ezeSigqeba seeLayisenisi zoTywala, ngokokubona kwaso kwiimeko ezo. 15

(9) Umfaki-sicelo okanye lowo uchaphazelekayo ungaxoliswayo sisigqibo seSigqeba seeLayisenisi zoTywala usenokuya kuvela ngokwakhe phambi kweSigqeba seZibheni okanye usenokuya kumelwa apho ligqwetha lejaji okanye nguye nawuphi na omnye umntu oye kuvela egameni lakhe. 20

(10) Ukuba ngaba umntu, asakuba enikiwe isaziso ngokufanelekileyo sokuba abekhona kwindibano yeSigqeba seZibheni, uyasilela ukuya kuloo ndibano okanye uyahlala angezi engakhange afumane mvume kwiSigqeba seZibheni, indibano leyo isenokuqhutywa ngaphandle kwakhe okanye iSigqeba seZibheni sisenokuthi sithathe nawuphi na amanye amanyathelo esiwabona efanelekile kunjalo nje enobulali kuloo meko. 25

ISAHLUKO 11

UTHOTYELO

Izaziso zothotyelo

69. (1) Umhloli usenokuthi akhuphe isaziso sothotyelo asise kulowo ungumnini-layisenisi okanye nawuphi na umntu olawula amasango lawo anikwe ilayisenisi, esiyalela loo mntu ukuba makayithobele imiqathango yalo Mthetho okanye imiqathango yelayisenisi leyo. 30

(2) Isaziso sothotyelo kufuneka sicacise—

(a) imiqathango yalo Mthetho okanye yelayisenisi ekufuneka ukuba mayithotyelwe; 35

(b) loo nto yenziweyo okanye ingenziwanga ikukungathobeli;

(c) amanyathelo afanele kuthathwa ukuze kube kuyathotyelwa;

(d) umhla ekufuneka kube kuthotyelwe ngawo; kunye (e) neziphumo okunokuthi kube nazo ukungathobeli. 40

(3) Igosa lotywala elimiselweyo lisenokuthi, xa kunokwenzeka kungabikho mhloli ufumaneka kwangoko, lisikhuphe lisihambise esi saziso sikhankanywe kwicandelwana (1), kwaye kufuneka ukuba lilazise iGosa eliLawulayo eliyiNtloko ngoko kukhutshwa nokuhanjiswa kweso saziso ngaloo mhla ubekiweyo okanye kwangaphambi kwawo. 45

(4) Umhloli okanye igosa elimiselweyo, ngokwalowo wenza lo msebenzi, lisenokuthi ngokucelwa ngulo mntu uhanjiselwa isaziso sothotyelo, lilandise ixesha lothotyelo ngokuthi likhuphe esinye isaziso sothotyelo esenziwe izilungiso. 50

(5) Umyalelo wesaziso sothotyelo uhlala uhleli de kufike laa mhla ubekelwe uthotyelo okanye lowa welo xesha lithe landiswa, okanye umhla athe umhloli okanye igosa elimiselweyo lakhupha ngawo isiqinisekiso sothotyelo, nokuba ngowuphi kule mihla othe wafika kuqala. 50

(6) Ukuba ngaba lo mntu uthe wakhutshelwa isaziso uye wasithobela, umhloli okanye igosa elimiselweyo, ngokwalowo uphethe lo mcimbi, kufuneka likhuphe isiqinisekiso sothotyelo. 55

(7) Umntu othe wakhutshelwa isaziso sothotyelo usenokuthi, ngokwendlela ebekiweyo ngumthetho, angenise phaya kumhloli okanye kwigosa lotywala elimiselweyo, ngokwalowo uphethe lo mcimbi, inkcazo ephikisa esi saziso achaze nemihlaba asiphikisa phezu kwayo isaziso esi. 55

(8) Umhloli okanye igosa lotywala elimiselweyo, ngokwalowo uphethe lo mcimbi, elamkela le nkcazo ikwicandelwana (7) kufuneka, lingadlulanga ixesha elimisiweyo 60

ngumthetho, lingenise esi saziso sothotyelo, le nkcazo ikhankanywe kwicandelwana (7) kunye nazo naziphi na ezinye iimpepha azibona zifanelekile, kwiGosa eliLawulayo eliyiNtloko eliya kuthi ke lona lithathe isigqibo malunga nokuba le nto yenziweyo okanye ingenziwanga ikhankanywe kwicandelwana (2)(b) ikufanele na okanye ayikufanelanga ukukhutshelwa isaziso sothotyelo. 5

(9) IGosa eliLawulayo eliyiNtloko lisenokuthi, xa libona ukuba ukukhutshwa kwesaziso sothotyelo bekungafanelekanga, lisirhoxise, okanye, ukuba libona sifanelekile, liyalele ukuba isaziso sothotyelo masithotyelwe ngomhla esifanele ukuba sigqitywe ngawo ngokwemigaqo yecandelwana (2)(d) kanye ngaloo mhla usemva koko lithe lawubeka. 10

(10) IGosa eliLawulayo eliyiNtloko lisenokuthi lo msebenzi ukhankanywe kwicandelwana (9) liwunikezele komnye umsebenzi weBhodi le.

(11) Kulityala ukusilela ekuhambeni ngokomyalelo wothotyelo.

(12) Ubungqina bokungasithobeli isaziso sothotyelo kwindibano yeSigqeba seeLayisenisi zoTywala, bubungqina bokuba sikhona isigqitho esenziweyo okanye ukutyeshelwa komqathango welayisenisi ocaciswe kwisaziso sothotyelo. 15

Ukuvalwa kwamasango elayisenisi yotywala

70. (1) Umhloli okanye igosa lotywala elimiselweyo, okanye naliphi na ipolisa elikwinqanaba lomhloli okanye ngentla kwalo, lisenokuthi xa kuthe kwenzeka okanye kwangathi kuza kwenzeka ubudlova basesidlangalaleni apha kumasango anelayisenisi, liyalele umnini welayisenisi okanye nawuphi na umntu olawula la masango anelayisenisi, ukuba awavale loo masango isithuba esingadlulanga kweso siseleyo kwixesha lokuvula ngaloo mini. 20

(2) Umnini welayisenisi okanye lowo ulawula loo masango anelayisenisi, kufuneka athi asakuba efumene lo myalelo ukwicandelwana (1), akhawuleze awuthobele, kwaye ke ukuba ngaba uyasilela ukukwenza oko, lowo mntu ebenike loo myalelo usenokuthi athathe nawaphi na amanyathelo okanye asebenzise okanye ayalele ukuba makusetyenziswe naluphi na unyanzeliso olufanele imeko leyo lokuba avalwe la masango. 25

(3) Nawuphi na umyalelo othe wanikwa phantsi kwecandelwana (1), usenokuthi nanini na urhoxiswe— 30

- (a) ligosa lotywala elimiselweyo, ngumhloli okanye lipolisa elo belithe lawunika lo myalelo;
- (b) xa loo myalelo ubunikwe lipolisa okanye lipolisa elikwinqanaba eliphezulu; okanye 35
- (c) siSigqeba seeLayisenisi zoTywala.

Imiyalelo yexeshana

71. (1) ISigqeba seeLayisenisi zoTywala sisenokukhupha umyalelo wexeshana omisa ilayisenisi xa kunokuthi kubekho isicelo esivela kumhloli okanye igosa elimiselweyo lotywala, ukuba kukho umngcipheko wempilo, kwintlalontle okanye kukhuseleko loluntu ekuhlaleni. 40

(2) Isicelo esifakwe ngokwecandelwana (1) sisenokungamkelwa ngaphandle kokuba—

- (a) sixhaswa yinkcazo efungelweyo echaza konke okunxulumene nomcimbi lo;
- (b) kungeniswe ubungqina bokuba isicelo esi nale nkcazo ifungelweyo isixhasayo zingeniswe kumnini welayisenisi kwakwiiyure ezingamashumi amane anesibhozo (48) phambi kokungeniswa kwesicelo; nokuba 45
- (c) iyakuyacaca apha kwisicelo esi ukuba lo mcimbi ungxamisekile.

(3) Umyalelo okhutshwe ngokwemigaqo yecandelwana (1) kufuneka uhanjise kumnini welayisenisi ngokwaloo ndlela kuyalelwa ngayo siSigqeba seeLayisenisi zoTywala kwaye uqala ukusebenza ngaloo mhla nangelo xesha uhanjise ngalo. 50

(4) Umyalelo okhutshwe ngokwecandelwana (1) kufuneka ubeke umhla afanele kuvela ngawo umnini welayisenisi phambi kweSigqeba seeLayisenisi zoTywala ukuya kunika isizathu sokuba kutheni na umyalelo lowo ufanele ukuba ujikwe.

(5) Umnini welayisenisi usenokuthi, phambi kwalo mhla ubekiweyo kwicandelwana (4), angenise isaziso sokuwuchasa kwiSigqeba seeLayisenisi zoTywala, kwaye kufuneka ukuba emva koko angenise inkcazo efungelweyo acacisa ngayo imihlaba asichasa phantsi kwayo isicelo esi, kunjalo nje kwangelo xesha linye angenise ikopi 55

yeso saziso neyaloo nkcazo ifungelweyo kumhloli okanye kwigosa lotywala elimiselweyo eli likhankanywe kwicandelwana (1).

(6) Umnini welayisenisi usenokuthi nanini na phambi kwalo mhla ubekwe kwicandelwana (4) afake isicelo kwiGosa eLongameleyo sokuba umhla wokuchotshelwa komcimbi lowo mawuziswe ngaphambili, aze kwangelo xesha lineye angenise ikopi yeso sicelo kumhloli okanye kwigosa lotywala elimiselweyo eli likhankanywe kwicandelwana (1). 5

(7) IGosa eLongameleyo lisenokuthi liyalele ukuba umhla wempendulo mawuziswe ngaphambili.

(8) Ngomhla wokuchotshelwa kwesicelo iSigqeba seeLayisenisi zoTywala sisenokuwukhaba okanye siwuqinisekise umyalelo wexeshana, ngokwezilungiso ezo zenziweyo kuwo, ngokokubona kwaso kufanelekile. 10

Ukumiswa okwexeshana, ukutshitshiswa nokuphelelwa kweelayisenisi

72. (1) Ilayisenisi ethe yamiswa okwexeshana ngokwemiqathango yoMthetho lo ihlala isemthethweni ngeenxa zonke, ngaphandle nje kokuba umnini welayisenisi akanakubuthengisa utywala ngayo ngeli xesha isamisiweyo. 15

(2) Ilayisenisi etshitshisiweyo siSigqeba seeLayisenisi zoTywala ayikho mthethweni ukusukela kuloo mhla itshitshiswe ngawo okanye kuloo mhla uthe wabekwa siSigqeba seeLayisenisi zoTywala.

(3) Ilayisenisi ephelweyo ngokwemigaqo yecandelo 62, 63 okanye 64 ayikho mthethweni ukusukela kuloo mhla wokuphelelwa kwayo. 20

(4) Umnini welayisenisi emisiweyo okwexeshana, etshitshisiweyo okanye ephelweyo usenokuthi zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) imisiwe, itshitshisiwe okanye iphelele, abuthengise ngefandesi eqhutywa ngunofandesi onelayisenisi nabuphi na utywala obebukho kuloo masango anelayisenisi ngaloo mhla wokumiswa okanye wokutshitshiswa okanye wokuphelelwa. 25

ISAHLUKO 12

UQINISEKISO LOKUTHOTYELWA KOMTHETHO

Ukumiselwa kwamagosa otywala amiselweyo nabahloli nemisebenzi yabo

73. (1) UMkhomishinala waMapolisa wePhondo leNtshona Koloni usenokuthi, ngokuphathelele kwisikhululo samapolisa ngasinye, amisele naliphi na ipolisa elikwinqanaba lobuhloli okanye ngaphezulu, ukuba lenze imisebenzi yegosa lotywala elimiselweyo ngokwemigaqo yalo Mthetho. 30

(2) Ipolisa elithe labekwa njengepolisa elimiselweyo ngokwemigaqo yecandelo 139 loMthetho oyiLiquor Act, 1989 (uMthetho 27 ka-1989) lonyulwe njengepolisa elimiselweyo, liba ligosa lotywala elimiselweyo ngokwemigaqo yalo Mthetho, kwaye lithathwa ngokuba libekwe ngokwemigaqo yecandelwana (1). 35

(3) UMkhomishinala waMapolisa wePhondo leNtshona Koloni usenokuthi nanini na akutshitshise oku kubekwa kwenziwe okanye kuthathwa ukuba kwenziwe ngokwecandelwana (1). 40

(4) IBhodi isenokubeka nawuphi na umntu oqeshwe yiBhodi ukuba abe ngumhloli ngokwalo Mthetho.

(5) UMkhomishinala kufuneka ukuba xa emisela igosa lotywala elimiselweyo ngokwecandelwana kunye neBhodi kufuneka ukuba xa ibeka umhloli ngokwecandelwana (4), ikhuphe isiqinisekiso sokubekwa okanye sokumiselwa esisayinwe nguMkhomishinala okanye liGosa eliLawulayo eliyiNtloko egameni leBhodi, ngokwaloo mntu uphethe lo mcimbi. 45

(6) Igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli kufuneka ukuba xa esenza imisebenzi yakhe ngokwemiqathango yalo Mthetho, akhuphe ubungqina bokubekwa kwakhe njengegosa lotywala elimiselweyo okanye njengomhloli, xa athe wacelwa nguye nawuphi na umntu. 50

(7) Igosa elimiselweyo okanye umhloli kufuneka—

(a) ukuba ngokuphathelele kuso nasiphi na isicelo esenziwe ngokwemiqathango yalo Mthetho, enze ingxelo kwiSigqeba seeLayisenisi zoTywala ngayo nayiphi na imiba ebekiweyo ngumthetho okanye engaba, ngokokubona kwegosa okanye komhloli, ifanele ukuthathelwa ingqwalaselo xa kuqwalaselwa esi sicelo; 55

- (b) ukuba, ngokucelwa siSigqeba seeLayisenisi zoTywala, anike ingxelo okanye anike naziphi na iinkcukacha ezinxulumene nomcimbi lowo, xa iSigqeba seeLayisenisi zoTywala sithe sacela njalo;
- (c) ukuba, ngokukhawuleza asakuba efumene iinkcukacha ezilolo hlobo azise iGosa eliLawulayo eliyiNtloko ngokusilela komnini welayisenisi ekuthobeleni imiqathango yelayisenisi yakhe, eyesaziso sothotyelo okanye eyoMthetho lo; 5
- (d) ukuba enzele iGosa eliLawulayo eliyiNtloko ingxelo xa umnini welayisenisi athe akakufanela okanye wafunyaniswa engakufanelanga ukuba nelayisenisi;
- (e) ukuba unoluvo lokuba la masango anelayisenisi ashiyiwe okanye akasakufanelanga ukuba makasetyenziswe njengeshishini elinelayisenisi, kufuneka enzele iGosa eliLawulayo eliyiNtloko ingxelo; nokuba 10
- (f) ukuba umnini welayisenisi uthe wabanjelwa isigqitho solwaphulo-mthetho kufuneka azise iGosa eliLawulayo eliyiNtloko ngohlobo lwesigqitho eso nangeemeko zokwenzeka kwaso nangesigwebo eso. 15

Amagunya amagosa otywala amiselweyo nabahloli

74. (1) Ngokuthathela ingqalelo icandelo 75, igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli usenokuthi xa esenza umsebenzi wakhe—

- (a) ngawo nawaphi na amaxesha afanelekileyo angene—
- (i) kuwo nawaphi na amasango anelayisenisi; 20
- (ii) kuwo nawaphi na amasango enzelwe isicelo ngokwemigaqo yalo Mthetho; kunye
- (iii) nakuwo nawaphi na amasango okanye kuso nasiphi na isithuthi xa enesizathu esimkrokrisa ukuba kungenzeka ukuba kuthi kanti kugcinwa okanye kuthengiswa utywala kuwo okanye kuyo ngendlela ehamba nxamnye nemigaqo yalo Mthetho, aze ke enze naluphi na uphando, abuze nayiphi na imibuzo okanye enze naluphi na uhlolo, ngokokubona kwakhe kufanelekile; 25
- (b) nanini na, naphi na acele nawuphi na umntu ukuba ambonise ilayisenisi yakhe kwangoko okanye ngaloo mhla lithe igosa lotywala okanye umhloli wawubeka, okanye amarekhodi okanye ezinye iimpepha nje anazo okanye eziselugcinweni lwakhe okanye eziphantsi kolawulo lwakhe umntu lowo okanye ke omnye umntu osebenza egameni laloo mntu; 30
- (c) ahlole naziphi na iimpepha ezikhankanywe kumhlathi (b), enze iikopi zazo okanye acaphule kuzo, aze ke acele lo mntu kuthethwa ngaye kulo mhlathi ukuba anike inkcazelo ngayo nayiphi indawo kuzo; 35
- (d) athathe asuse nantoni na ukuba ngaba ngokokubona kwakhe isenokuba bubungqina betyala ngokwalo Mthetho, okanye botyeshelo lwawo nawuphi na umqathango welayisenisi;
- (e) abuze umnini welayisenisi okanye abaqeshwa bakhe, umfaki-sicelo, okanye nawuphi omnye umntu olapha kula masango anelayisenisi ukuba ngaba ukrokrela ukuba umqeshwa lo, umfaki-sicelo okanye umntu lo unalo naliphi na iphepha okanye unolawulo lwalo naliphi na iphepha elinokufuneka kulo mcimbi awuphandayo; kwaye 40
- (f) ayalele ukuba nawuphi na umnini welayisenisi okanye umqeshwa wakhe aye kuvela phambi kwakhe ngexesha athe walibeka nakwindawo athe wayixela aze kuphendula imibuzo ngomcimbi lowo uphandwayo. 45
- (2) Nawuphi na umntu owongamele la masango kuthethwa ngawo kwicandelwana (1) kufuneka anike naluphi na uncedo olungenabunzima olunokuthi lucelwe ligosa lotywala elimiselweyo okanye ngumhloli. 50
- (3) Nawuphi na umntu obuzwa imibuzo ligosa lotywala elimiselweyo okanye ngumhloli ngokwemigaqo yalo Mthetho kufuneka ukuba aqale axelelwe ngamalungelo akhe awanikwa ngumgaqo-siseko phambi kokuba kuqaliswe ngemibuzo, kwaye nayiphi na impendulo enikwa nguloo mntu kufuneka ibe yinyani, ayinike kangangoko ekwazi. 55
- (4) Impendulo okanye inkcazo enikwa igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli isenokungasetyenziswa okanye isenokungamkelwa xa kuxoxwa ityala lalowo ubeyinikile, ngaphandle kokuba kuxoxwa ityala lomntu eliphathelele kwisityholo esimalunga—
- (a) nokuthathwa kwenkcazo efungelweyo okanye koqinisekiso; 60
- (b) nokunikwa kwenkcazo ebubuxoki; okanye

- (c) nokusilela ukuphendula umbuzo osemthethweni ngokupheleleyo nangokwanelisayo.

Ukusetyenziswa kwamagunya okungena nokusetsha okanye ukuhlola amasango

75. (1) Igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli usenokuthi asebenzise ilungelo elikhankanywe kwicandelo 74 malunga nokungena nokusetsha okanye ukuhlola amasango, ukuba ngaba ugunyaziswa liphepha lesigunyazo elikhutshwe ngumantyi ngokwecandelwana (3). 5

(2) Umhloli okanye igosa lotywala elimiselweyo lisenokuthi xa lisebenzisa naliphi na igunya okanye lisenza nawuphi na umsebenzi ekuthethwa ngawo kwicandelwana (1), likhatshwe ligosa loxolo okanye ngamagosa oxolo. 10

(3) Umantyi usenokuthi akhuphe iphepha logunyaziso lokungena nokuhlola nawaphi na amasango, ukuba ngaba ngokwengcaciso ebhaliweyo nefungelweyo okanye eyenzelwe uqinisekiso, unaso isizathu sokukholelwa ukuba—

- (a) lo Mthetho awuthotyelwa; nokuba
 (b) ukungena nokuhlola kuyimfuneko, kunokuba luncedo eluntwini, ngeenjongo zokufumana iinkcukacha— 15
 (i) ezimalunga noko kusilela kuxelwayo ekuthotyelweni kwalo Mthetho; kwaye
 (ii) azinakho ukuba zifumaneke ngaphandle kokuba kungenwe kuloo masango. 20

(4) Igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli usenokuwasebenzisa la magunya akhankanywa kwicandelwana (1) nangaphandle kwephepha logunyaziso—

- (a) ngemvume yomnini okanye yomntu olawula loo masango;
 (b) ukuba kukho isaziso sothotyelo esingekafezekiswa nesasikhutshwe ngokwemigaqo yecandelo 69, ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba ngaba isaziso eso sithotyelwe na; okanye 25
 (c) ukuba ngaba igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli unezizathu ezibonakalayo zokukholelwa ukuba—
 (i) iphepha logunyaziso liya kukhutshwa ngokwemiqathango yecandelwana (3) ukuba unokuthi enze isicelo salo; nokuba 30
 (ii) ulibaziseko ekufumaneni iphepha logunyaziso lungazidobalalisa iinjongo zoko kusetsha okanye zoko kuhlola.

(5) Xa lingena kumasango ngokweli candelo, igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli kufuneka—

- (a) azazise kulo mntu uphethe la masango; 35
 (b) ambonise loo mntu iphepha logunyaziso, ukuba likhona;
 (c) acacise igunya eluqhutywa phantsi kwalo uhlolo olo; kwaye
 (d) aluqhube uhlolo olo ngendlela eya kuthi ingabi naluphazamiso lungako kumnini welayisenisi nakubathengi/nakubaxhasi bakhe nakwishishini eli linelayisenisi. 40

(6) Igosa lotywala elimiselweyo okanye umhloli, xa ethatha nantoni ngokwemigaqo yeli candelo, kufuneka ukuba amnike irisithi loo mntu amthathela into okanye izinto ezichazwa kuyo izinto ezo zithathiweyo, amcacisele nesizathu sokuzithatha izinto ezo.

(7) Nayiphi na into ethathwa ngokwemigaqo yeli candelo kufuneka igcinwe ilondolozwe de ibe inkundla ikhuphe umyalelo malunga nendlela emayichithwe ngayo. 45

(8) Ngaphandle kokuba umnini welayisenisi okanye umntu amqeshileyo ophantsi kwakhe ngokwemigaqo yalo Mthetho uthe wabekwa ityala enkundleni okanye ubizelwe ukuba aye kuvela kwintlanganiso yeSigqeba seeLayisenisi zoTywala zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) emva komhla wokuthathwa kwezinto, ezo zinto bezithathiwe kufuneka zibuyiselwe kumntu lowo bezithathwe kuye. 50

Amatyala ngokubanzi

76. Umntu—

- (a) (i) onxilileyo nowenza isiphithi-phithi kuwo nawaphi na amasango ekuthengiswa utywala kuwo; okanye
 (ii) onxilileyo kuyo nayiphi na indawo efikelelwa nguwonke-wonke; 55
 (b) othengisela okanye onika umntu onxilileyo utywala okanye othi ngoku angumnini welayisenisi okanye umntu ophethe amasango lawo, avumele umntu onxilileyo owenza isiphithi-phithi, ukuba ahlale apha emasangweni la;

- (c) othengisa okanye okhupha utywala obukwisikhongozelo esingahambi ngokwemigangatho nemiqathango ebekwe nguMphathiswa ngesaziso esikwiGazethi yePhondo;
- (d) othenga utywala kuye nawuphi na umntu esazi ukuba okanye enayo ngokwaneleyo imihlaba yokuba akrokrele ukuba loo mntu akanayo ilayisenisi okanye imvume yokuthengisa utywala ngokwemigaqo yalo Mthetho; 5
- (e) othengisela umntu utywala esazi ukuba okanye enayo ngokwaneleyo imihlaba yokuba akrokrele ukuba loo mntu uza kuphinda abuthengise obo tywala ngendlela engeyiyo le ivumelekileyo ngokwemigaqo yaloMthetho;
- (f) othi ngoku engumnini welayisenisi avumele ukuba la masango anelayisenisi asetyenziselwe njengomhadi wamahenyukazi okanye uhanjwe ngamahenyukazi athengisa ngemizimba; 10
- (g) othi ngoku engumnini welayisenisi, avumele umhambisi weziyobisi ezingekho mthethweni abe lapha kula masango anelayisenisi;
- (h) othi ngoku engumnini welayisenisi, avumele ukuthengiswa, ukusetyenziswa okanye ukubakho kwabaneziyobisi okungekho mthethweni apha kula masango bethengisa okanye besebenzisa; okanye 15
- (i) othi ngoku engumnini welayisenisi, okanye umntu osebenza egameni lakhe, afumane okanye abambe naliphi na iphepha okanye into ehambisekayo njengesibambiso okanye isiqinisekiso sokuhlululwa kwetyala eliphathelele ekuthengisweni kotywala, Wenza ityala . 20

Amatyala aphaathelele kwingcaciso/kwiinkcukacha

- 77.** Umntu othi, ngokuphathelele kwisicelo, kwisichaso okanye kumelo—
- (a) angenise okanye anike iingcaciso ayaziyo ukuba ibubuxoki okanye iyalahlekisa okanye angaziyo nokuba iyinyaniso na okanye ongenisa iphepha lobuqhetseba okanye ekuthiwa liyikopi yeliya latanci ngoku lingeyiyo 25
 - (b) ophendula nasiphi na isichaso okanye umelo okanye isikhalazo ngendlela ayaziyo ukuba ayiyonyaniso okanye iyalahlekisa okanye angaziyo nokuba iyinyaniso na; okanye
 - (c) othi ekuphenduleni umbuzo obuzwa ligosa lotywala elimiselweyo okanye ngumhloli, okanye ligosa loxolo, igosa likamasipala okanye siSigqeba seeLayisenisi zoTywala ungenisa okanye unika ingcaciso ayaziyo ukuba ibubuxoki okanye iyalahlekisa okanye angaziyo nokuba iyinyaniso na okanye ongenisa iphepha lobuqhetseba okanye ekuthiwa liyikopi yeliya latanci ngoku lingeyiyo, Wenza ityala. 35

Amatyala aphaathelele kwiintlanganiso zeSigqeba seeLayisenisi zoTywala nezeSigqeba seZibheni

- 78.** (1) Umntu—
- (a) othi ngoku aziswe ngokufanelekileyo ukuba makaye kuvela phambi kweSigqeba seeLayisenisi zoTywala, asilele ukukwenza oko ngokwakhe okanye ukuthumela omnye nawuphi na umntu wokummela okanye igqwetha okanye igqwetha lejaji; 40
 - (b) ovela phambi kweSigqeba seeLayisenisi zoTywala, kodwa ngaphandle kwemvume yeGosa eLongameleyo, akhethe ukuba emke kuloo ntlanganiso phambi kokuba igqitywe; 45
 - (c) othi ngoku azisiweyo entlanganisweni liGosa eLongameleyo ukuba makeze kwintlanganiso ngaloo mhla ithe yamiselwa wona, asilele ukubakho kuloo ntlanganiso;
 - (d) othi ngoku abiziweyo liGosa eLongameleyo ukuba eze kunika ubungqina ale okanye asilele ukukwenza oko; 50
 - (e) othi ngoku afungiswayo okanye enziswa uqinisekiso ale okanye ukufunga okanye ukwenza uqinisekiso;
 - (f) othi ngoku enze isifungo okanye uqinisekiso asilele ukuphendula imibuzo kangangoko ekwazi okanye anike ubungqina obububuxoki, esazi ukuba obo bungqina bububuxoki okanye buyalahlekisa; 55
 - (g) othi ngabom nangolunya aphazamise inkqubo yeSigqeba seeLayisenisi zoTywala; okanye
 - (h) ale ukumka entlanganisweni xa athe wayalelwa ukuba makenze njalo liGosa eLongameleyo, Wenza ityala.

- (2) Umntu othe wanikwa isaziso ngokufanelekileyo sokuba aye kuvela phambi kweSigqeba seeLayisenisi zoTywala kufuneka—
- (a) alazise iGosa eLongameleyo ngento ebhaliweyo kwakwiintsuku ezintlanu phambi kwalo mhla wokuya kuvela ukuba ngaba akazi kukwazi ukuphumelela ngaloo mhla; aze kananjalo 5
- (b) abandakanye nezizathu zoko kungaphumeleli kwakhe ukuya kuvela ngaloo mhla.
- (3) Utyeshelo okanye ukusilela ukuthobela icandelwana (2) kulityala.
- (4) Imiqathango yecandelwana (1) necandelwana (2) ibhekisele nakwiintlanganiso zeSigqeba seZibheno, kambe ke kwenziwe ezo nguqulelo zinokuthi zibe yimfuneko. 10

Amatyala amalunga namagosa otywala amiselweyo nabahloli

79. Umntu othi —

- (a) aphosise ngokuthi uligosa elimiselweyo lotywala okanye athi ungumhloli;
- (b) ophazamisana negosa lotywala okanye umhloli ekwenzeni umsebenzi wakhe;
- (c) owalayo okanye angakwazi ukuthobela umyalelo osemthethweni onikwe ligosa lotywala okanye umhloli; 15
- (d) xa ebuzwa ligosa elimiselweyo lotywala okanye umhloli, anike impendulo engeyiyo esazi ukuba uyaphosisa; okanye
- (e) angakwazi ukuthobela isicelo esinokuthobeleka esisuka kwigosa elimiselweyo lotywala okanye umhloli phantsi kwecandelo 74, unetyala. 20

Amatyala aphahelele kwizithuthi

80. (1) Umntu—

- (a) osela utywala esithuthini esiqhutywa okanye esimiswe kwindlela kawonke-wonke;
- (b) ovumela ukuselwa kotywala kwizithuthi esiqhutywa nguye okanye esiphantsi kolawulo lwakhe ngelixa iqhutywa kwindlela kawonke-wonke; okanye 25
- (c) ovumela utywala obukwisikhongozelo esivuliweyo sibe kwizithuthi ngelixa siqhutywa kwindlela kawonke-wonke, wenza ityala.
- (2) Icandelwana (1) alibhekiseli ekuselweni kotywala kwizithuthi esinelayisenisi yokuthengiswa nokuselwa kotywala. 30

Amatyala aphahelele kwiigaraji

- 81. (1)** Akukho tywala bunokuthengiswa okanye bunokukhutshwa okanye buselwe kwisiza esineshishini eliyigaraji ethengisela abantu ipetroli, idizili okanye nayo nayiphi na enye imveliso yepetroliyam.
- (2) Icandelwana (1) alibhekiselanga kumasango asele enelayisenisi. 35
- (3) Ngaphandle kwaphantsi kweemeko ezizodwa, iSigqeba seeLayisenisi zoTywala sisenokuthi sikhuphe ilayisenisi kula masango kuthethwa ngawo kwicandelwana (1).
- (4) Utyeshelo okanye ukusilela ekuthobeleni icandelwana (1) kulityala.

Ukusilela ukuthobela umyalelo weSigqeba seeLayisenisi zoTywala

- 82. (1)** Ukusilela komnini welayisenisi ukuthobela umyalelo weSigqeba seeLayisenisi zoTywala ngokuphathelele kulo layisenisi okanye kuloo masango anelayisenisi achaphazelekayo kulityala. 40
- (2) Ukuba ngaba umntu uyasilela ukuthobela umyalelo weSigqeba seeLayisenisi zoTywala, iSigqeba seeLayisenisi zoTywala sisenokuthi, emva kokuba senze uphando olufanelekileyo— 45
- (a) siyimise okwexeshana ilayisenisi leyo de ube uthotyelwe umyalelo lowo;
- (b) sibeke ifayini ekusenokuthi ukuhlawulwa kwayo kumiswe de ube uthotyelwe umyalelo lowo;
- (c) siwudlulisele emapoliseni loo mcimbi khona ukuze umsileli lowo abanjwe; okanye 50
- (d) siyitshitshise ilayisenisi leyo.

Uxanduva lwabangabameli

83. (1) Ukuba ngaba imanejala okanye iarhente okanye umqeshwa womnini welayisenisi wenza okanye amise ukwenza nayiphi na ebiya kuthi xa ithe yenziwa okanye ayenziwa ngumnini welayisenisi, ibe lityala ngokwemigaqo yalo Mthetho, kuthathwa ukuba umnini welayisenisi uyenzile okanye usilele ukuyenza, ngaphandle kwaxa— 5

- (a) umnini welayisenisi ethe waba nokuchaphazeleka, okanye ethe wakuvumela ukwenziwa okanye ukungenziwa kwaloo nto; naxa
- (b) loo nto yenziweyo okanye ingenziwanga ingekho lungelweni okanye gunyeni lengqesho yemanejala leyo, iarhente leyo okanye umqeshwa lowo. 10

(2) Into yokuba abe umnini welayisenisi ebeye wakhupha umyalelo onqanda ukwenziwa okanye ukungenziwa kwento, ayanelanga ekuboniseni ukuba uye wawathatha amanyathelo afunwayo licandelwana (1)(b).

(3) Xa umnini welayisenisi athe waba nobutyala bokwenziwa okanye bokungenziwa kwento ngomnye umntu ngokwecandelwana (1), lowo mntu naye unabo obo butyala ngokungathi nguye umnini welayisenisi. 15

(4) Imanejala, iarhente okanye umqeshwa akakhululwa kobunye ubutyala athe wabenza ngaphandle kobu abudibanele nomnini welayisenisi ngokwecandelwana (1).

Ukukhululwa kwiimfuneko

84. (1) Aba bantu balandelayo bayakhululwa kwiimfuno zemiqathango yalo Mthetho— 20

- (a) igosa elichazwa kwicandelo 1(1) loMthetho oyiCustoms and Excise Act ka-1964 (uMthetho 91 ka-1964), xa lisenza umsebenzi walo osesikweni;
- (b) unothimba okanye umqeshwa wakhe okanye nalo naliphi na igosa elisebenza ngokomyalelo wenkundla xa lisenza umsebenzi walo; 25
- (c) lo mntu ukhankanywe kwisaziso phantsi kwecandelo 10 loMthetho oyiLiquor Products Act ka-1989 (uMthetho 60 ka-1989), ngokuphathelele kwintengiso yesiselo somthendeleko phantsi kweso saziso; kunye
- (d) nomntu owenza okanye othengisa iyeza njengoko lichazwa kuMthetho oyiMedicines and Related Substances Act ka-965 (uMthetho 101 ka-1965). 30

(2) ISigqeba seeLayisenisi zoTywala sisenokuthi xa kuthe kwafakwa isicelo ngendlela efanelekileyo kwahlawulwa nentlawulo ebekiweyo ngumthetho, naxa iimeko zikuvumela oko, sivakalise ukuba lo Mthetho awusebenzi kwaba balandelayo, ngaphandle kwaloo miqathango sinokuthi siyixele—

- (a) umqokeleli wotywala; 35
- (b) umntu owenza okanye othengisa iziqholo ezinegrangqa okanye ezihluzwayo; kunye
- (c) nomntu owenza iwayini ekhaya engayenzeli kuyithengisa.

(3) ISigqeba seeLayisenisi zoTywala okanye iGosa eliLawulayo eliyiNtloko, lisenokuthi nanini na emva kokukhupha uvakaliso phantsi kwecandelwana (2), ngesaziso esihanjisiweyo okanye esingenisiweyo kumntu lowo ukhankanywa kuvakaliso—

- (a) ngokokubona kwalo, libeke nayiphi na imiqathango okanye imiqathango enokufakwa kweso saziso, eluza kuhamba ngayo uvakaliso olo;
- (b) litshithise okanye lenze izilungiso kuwo nawuphi na umqathango eliwubekileyo phantsi kweli candelo; okanye 45
- (c) lilutshitshise okanye lilwenze izilungiso uvakaliso olo.

Ubungqina

85. (1) Ukuba kwathi ekuxoxweni kwetyala okanye kwintlanganiso yeSigqeba seeLayisenisi zoTywala kwafunyaniswa kukho ubungqina bokuba umntu ongenayo ilayisenisi okanye ongavunyelwanga ukuba athengise utywala ngokwemigaqo yalo Mthetho okanye yawo nawuphi na omnye uMthetho— 50

- (a) unomqondiso okanye isaziso anaso kumasango akhe okanye kufutshane nawo esixela ukuba kukho utywala obuthengiswayo kuwo;
- (b) ukumasango amiswe ngendlela ebonisa ngaphandle kwamathandabuzo ukuba kuthengiswa utywala kuwo; 55

- (c) apha kumasango akhe okanye aphantsi kolawulo lwakhe unotywala obungaphaya komthamo ekungenakudlulwa kuwo ngokwemigaqo yecandelo 60 engakhange ayifumane imvume efunwa leli candelo; okanye
- (d) uthenge okanye ufumene utywala obungaphaya kwalo mthamo kungenakudlulwa kuwo ngokwemigaqo yecandelo 60 engakhange ayifumane imvume efunwa leli, Obo bubungqina obucacileyo bokuba uyabuthengisa utywala. 5
- (2) Ukuba ekuxoxweni kwetyala okanye kwintlanganiso yeSigqeba seeLayisenisi zoTywala—
- (a) kuye kwavela ubungqina obusisikhongozelo esingekavulwa esiphethe into elulwelo ekukho kuso neleyibhile okanye into exela umthamo wegrangqa kolo lwelo, obo bubungqina obucacileyo bokuba ulwelo olo lunalo eli grangqa lixeliweyo, kwaye ke ukuba ngaba elo grangqa lingaphaya kwe-1% ngokomthamo, olo lwelo lubutywala; 10
- (b) kuthe kwangeniswa ubungqina bezikhongozelo ezingaphaya kwesinye, iseso siyinxenye yesitokhwe okanye yengqokelela yezikhongozelo eziphetha utywala nezifunyenwe kwindawo enye ngexesha elinye, kwaye kwabonakaliswa izikhongozelo ezo zingaphezulu kwesinye ziphetha utywala, obo bubungqina obucacileyo ukuba zonke ezo zikhongozelo ziphetha utywala; 20
- (c) kuthe kwangeniswa ubungqina obuliphepha ekuthiwa liyikopi yelayisenisi, ngokuveliswa nje kwalo obo bubungqina belayisenisi okanye bemvume, kwaye nawuphi na umqathango okanye uqinisekiso oluhamba nelo phepha luthathwa ngokuba ngumqathango okanye luqinisekiso olubekwe ngokwemiqathango yalo Mthetho; 25
- (d) kuthe kwangeniswa njengobungqina inkcazo okanye isiqinisekiso ekuthiwa sisayinwe ngumhlalutyi okanye ngunokhemesti oqeshwe nguRhulumente weRiphabliki yoMzantsi Afrika, okanye oqeshwe yiyunivesiti okanye liziko lophando ngamayeza, elithe lenza uhlauto lolwelo okanye lwesabstenisi ebandakanyeka ekuxoxweni kwetyala okanye kwintlanganiso, obo bubungqina obaneleyo boko kuqulathwe yinkcazo leyo okanye sisiqinisekiso eso; okanye 30
- (e) kungeniswe ubungqina bokuba umnini welayisenisi otyholwa ngokutyeshela icandelo 54 uye wasilela ukufuna kumntu ongaphantsi kweminyaka yobudala elishumi elinesibhozo (18) nokuba— 35
- (i) lipheha lakhe elisisazisi esisemthethweni;
- (ii) ilayisenisi yokuqhuba yakhe esemthethweni; okanye
- (iii) ipasipoti yakhe esemthethweni, Obo bubungqina obucacileyo bokuba umnini welayisenisi wayesazi ukuba loo mntu ungaphantsi kweminyaka yobudala elishumi elinesibhozo (18). 40

Izaziso

- 86.** (1) UMphathiswa usenokuthi, ehamba ngokwemigaqo yecandelo 41 loMthetho oyiLiquor Act, abeke—
- (a) iziqulatho zesaziso ekufuneka sibekwe emboniselweni; kunye
- (b) nendlela emazibekwe ngayo ezo zaziso emboniselweni kumasango anelayisenisi. 45
- (2) Ukusilela ukusibeka emboniselweni esi saziso kuthethwa ngaso kwicandelwana (1) kulityala.

Izohlwayo nokuhluthwa

- 87.** (1) Umntu obekwa ityala elikhankanywe— 50
- (a) kumacandelo 32(3), 54(6), 55(3), 76(g) or 76(h) usenokugwetywa ifayini engadlulanga kwi-R1 000 000,00 okanye avelwe entolongweni isithuba esingadlulanga kwiminyaka emihlanu okanye azinikwe zozibini ezi zigwebo;
- (b) kwicandelo 49(7), 50(2), 51(9), 53(4), 58(3), 59(8), 76(e), 76(f), 76(i) okanye 81(4) usenokugwetywa ifayini engadlulanga kuma-R500 000,00 okanye avelwe entolongweni isithuba esingadlulanga kwiminyaka emibini enesiqingatha okanye azinikwe zozibini ezi zigwebo; 55
- (c) kwicandelo 50(3), 57(3), 60(4), 65(2), 69(11), 76(b), 76(c) okanye 82(1) usenokugwetywa ifayini engadlulanga kwi-R100 000,00 okanye avelwe

- entolongweni isithuba esingadlulanga kwiinyanga ezintandathu okanye azinikwe zozibini ezi zigwebo; okanye
- (d) kwicandelo 23(13), 56(5), 76(a), 76(d), 77, 78(1), 78(3), 79, 80(1) okanye 86(2) usenokugwetywa ifayini engadlulanga kuma-R50 000,00 okanye 5
avalelwe entolongweni isithuba esingadlulanga kwiinyanga ezintathu okanye azinikwe zozibini ezi zigwebo.
- (2) Inkundla ethe yagweba umntu ngetyala elikhankanywe kwicandelwana (1), kufuneka ukuba kwisigwebo esikhankanywe kumhlathi (a) ithi phezu kwesigwebo eso isinikileyo ikhuphe nomyalelo wokuba kuhluthwe nayiphi na into nguRhulumente ebithe yathathwa phantsi kwemiqathango yoMthetho oyiCriminal Procedure Act, 10
kwaye oku isenokukwenza nakulaa matyala akhankanywe kwimihlathi (b), (c) okanye (d) yeliya candelwana.
- (3) Asakuba umntu eyihlawule intlawulo yokuvuma ityala ngokwemiqathango yecandelo 57 loMthetho oyiCriminal Procedure Act, inkundla—
- (a) kufuneka ukuba, apho intlawulo leyo inxulumene nesityholo sokutyeshela 15
icandelo 32(1), 54(1) ukuya ku-(4), 55(1), 55(2), 76(h) okanye 76(i) laloMthetho, ikhuphe umyalelo wokuba nayiphi na into ebithe yathathwa phantsi kwemigaqo yalo Mthetho okanye yoMthetho oyiCriminal Procedure Act mayihluthwe nguRhulumente; okanye
- (b) isenokuthi, apho intlawulo leyo inxulumene nesityholo sokutyeshela icandelo 20
49(4), 49(5), 50(1), 51(1), 51(7), 52(9), 56(1), 56(4), 57(1), 57(2), 58(1), 59(8), 60(1) to (3), 65(1), 69, 75, 77, 78(1), 78(2), 79, 80(1), 81(1), 82(1) okanye 86(2) lalo Mthetho, ikhuphe umyalelo wokuba nayiphi na into ebithe yathathwa phantsi kwemiqathango yalo Mthetho okanye yoMthetho oyiCriminal Procedure Act mayihluthwe nguRhulumente, apho ke kuya kuthi 25
kusebenze icandelo 35 loMthetho oyiCriminal Procedure Act, kwenziwe ke ezo nguqulelo zinokuthi zibe yimfuneko, kuyo nayiphi na into ethe yahluthwa ngokwemigaqo yeli candelo.
- (4) Nayiphi na into ethe yahluthwa nguRhulumente kufuneka ukuba ichithwe 30
ngokwendlela ebekiweyo ngumthetho.

ISAHLUKO 13

IMIGAQO, AMALUNGISELELO EXESHANA NESIHLOKWANA ESIFUTSHANE

Imigaqo

- 88.** (1) UMphathiswa kufuneka abeke imigaqo malunga nemiba ekufuneka ibekiwe 35
ngokwemigaqo yalo Mthetho, kwaye usenokubeka imigaqo malunga—
- (a) nawo nawuphi na umba onokuthi ubekwe ngokwemigaqo yalo Mthetho;
- (b) nokuthengiswa nokuveliswa kwesipirithi;
- (c) nokubekwa kwepesenti yentlawulo yokuvuselela nganye ekufuneka isiwe 40
kwingxowa ngokwemigaqo yecandelo 31(3);
- (d) nokwenziwayo ngotywala obuthe banikezelwa okanye bathathwa nguRhulumente ngokwemigaqo yecandelo 87(2); okanye
- (e) nawo nawuphi na umba abona ufanelekile okanye ungxamisekile uMphathiswa ekufezekisweni kweenjongo zalo Mthetho.
- (2) Ummiselo othe wabekwa ngokwemigaqo yeli candelo malunga nentlawulo 45
okanye imali efanele ukuhlawulwa, kufuneka ukuba ubekwe ngokuthethana noMphathiswa osingathe imicimbi yemali kwiPhondo eli.

Amalungiselelo exeshana

- 89.** (1) IBhodi yoTywala emiselwe iPhondo eli licandelo 5 lo Mthetho oyi the Liquor Act ka-1989 (uMthetho 27 ka-1989), iyaqhuba kwaye iyasebenza phantsi kwegama 50
elithi ISigqeba seeLayisenisi zoTywala seNtshona Koloni ngokwemiqathango yalo Mthetho, ngokungathi isekwe phantsi kwecandelo 15(1) lalo Mthetho.
- (2) Nayiphi na ilayisenisi elolu hlobo ludweliswe ngezantsi apha ebisebenza phambi komhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza ithathwa ngokuba yilayisenisi yokuthengisa utywala obuselwa kuloo masango anelayisenisi— 55
- (a) ilayisenisi yotywala yehotele;
- (b) ilayisenisi yotywala yerestyu;
- (c) ilayisenisi yomzi wewayini;

- (d) ilayisenisi yotywala besintu obuselelwa apho buthengiswa khona;
- (e) ilayisenisi yotywala yethiyetha;
- (f) ilayisenisi yotywala yeklabhu kunye
- (g) nelayisenisi eyodwa yotywala obuselelwa apho buthengiswa khona.
- (3) Nayiphi na ilayisenisi elolu hlobo ludweliswe ngezantsi apha ebisebenza phambi komhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza ithathwa ngokuba yilayisenisi yokuthengisa utywala obuselwa obungaselelwa kule ndawo buthengiswa kuyo— 5
- (a) ilayisenisi yevenkile yotywala/yenkanti;
- (b) ilayisenisi yewayini yevenkile yokutya;
- (c) ilayisenisi yotywala besintu obungaselelwa apho buthengiswa khona; 10
- (d) ilayisenisi yomfama wewayini;
- (e) ilayisenisi eyodwa yotywala obungaselelwa apho buthengiswa khona engabandakanyi nelungelo lokwenza utywala; kunye
- (f) nelayisenisi yotywala yehowuliseyili (ethengisela uwonke-wonke), eyamkelwe phantsi koMthetho oyiLiquor Act, ka-1977 (uMthetho 87 ka-1977). 15
- (4) Ilayisenisi edweliswe ngezantsi apha ebisebenza phambi komhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza nekwenziwa ngayo utywala obumthamo ungadlulanga kulowo ubekiweyo ngokwemigaqo yecandelo 4(10) loMthetho oyiLiquor Act, uthathwa ngokuba yilayisenisi yokwenziwa kotywala nokuthengiswa kotywala obungaselelwa kula masango anelayisenisi— 20
- (a) ilayisenisi yotywala yehowuliseyili;
- (b) ilayisenisi yomvelisi (*wotywala*);
- (c) ilayisenisi yomenzi (*wotywala*);
- (d) ilayisenisi yotywala besintu; kunye 25
- (e) nelayisenisi eyodwa yotywala obungaselelwa kule ndawo buthengiswa kuyo, ebandakanya nelungelo lokwenza utywala.
- (5) Ilayisenisi edweliswe ngezantsi apha enika umnini wayo ilungelo lokuthengisa utywala obungaselelwa kula masango anelayisenisi, ethe yajikwa ngokwemigaqo yoMthetho oyiLiquor Act, nebisebenza phambi komhla wokuqalisa kwalo Mthetho, isenokuthi ngokwesicelo somnini welayisenisi ijikwe ibe yilayisenisi yokuthengisa utywala obungaselelwa kula masango anelayisenisi— 30
- (a) ilayisenisi yotywala yehowuliseyili;
- (b) ilayisenisi yomvelisi (*wotywala*);
- (c) ilayisenisi yomenzi (*wotywala*); kunye 35
- (d) nelayisenisi yomenzi wotywala besintu.
- (6) Isaziso esikhutshwe ngokwemigaqo yecandelo 33 loMthetho oyiLiquor Act, ka-1989 (uMthetho 27 ka-1989), nebisebenza phambi komhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza ithathwa ngokuba ikhutshwe ngokwemiqathango ebhaliweyo ngokwecandelo 44 lalo Mthetho. 40
- (7) Nakubeni lo Mthetho unemithetho oyitshitshisayo, nasiphi na isicelo esenziwe phambi komhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza kufuneka siqwalaselwe siqakunjelwe ngokwemigaqo yomthetho lowo sasifakwe phantsi kwawo.
- (8) Imiqathango yecandelwana (2) nele-(3) ikwasebenza nakwiilayisenisi ezinikwe phantsi kwemigaqo yoMthetho oyiLiquor Act ka-1989, emva kokuba uqalisile lo Mthetho ukusebenza. 45
- (9) Ngaphandle kokuba iSigqeba seeLayisenisi zoTywala sibona ngenye indlela xa kuthe kwafakwa isicelo, ilayisenisi ekhutshelwe amasango akwisiza ekukho kuso igaraji ethengisa ipetroli, idizili okanye naziphi na ezinye iimveliso zepetroliyam ngomhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza, iyaphelelwa emva kweenyanga ezilishumi elinesibini (12) ukusukela kumhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza. 50
- (10) Nayiphi na ilayisenisi ekhutshwe phambi komhla wokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza, ikhutshelwa amasango ekuthengiswa kuwo utywala, nokuba bobuselelwa kule ndawo buthengwe kuyo okanye bobungaselelwa kule ndawo buthengiswa kuyo, nenika igunya lokuba kuthengiswe nasemva kwala maxesha okuthengisa axelwe kwicandelo 59(3), ithi ihambe ngokwemigaqo yecandelo 59 emva kweenyanga ezilishumi elinesibini (12) uqalisile ukusebenza lo Mthetho. 55
- (11) Nayiphi na imvume, ulwamkelo okanye ilungelo elithe lanikwa umnini welayisenisi ngokwemigaqo yoMthetho oyiLiquor Act okanye eyawo nawuphi na uMthetho otshitshiswa ngulo, nelingangquzulaniyo nemigaqo yalo Mthetho, lithathwa ngokuba lilungelo okanye imvume okanye ulwamkelo olunikwe ngokwemiqathango yalo Mthetho. 60

(12) Nawo nawuphi na umqathango othe wabekelwa ilayisenisi phantsi koMthetho woTywala okanye phantsi kwawo nawuphi na uMthetho otshitshiswa nguwo, ongahambi nxamnye nalo Mthetho, uthathwa ukuba ngumqathango walo Mthetho.

(13) Umnini welayisenisi wamasango awanikwa ilayisenisi phambi kokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza nokhankanywa kwicandelo 49(5), kufuneka ukuba athi zingaphelanga iinyanga ezilishumi elinesibini (12) emva kokuqalisa kwalo Mthetho ukusebenza, athobele imiqathango ebekwa ngulo Mthetho ngokwaloo macandelo afanelekileyo. 5

Ulungiselelo lokutshitshiswa

90. UMthetho oyiLiquor Act, ka-1989 (uMthetho 27 ka-1989) uyatshitshiswa ngokuphathelele kweli Phondo. 10

Isihlokwana esifutshane nokuqalisa kwawo

91. Lo Mthetho waziwa ngokuba nguMthetho woTywala weNtshona Koloni ka-2008 kwaye uqalisa ukusebenza ngaloo mhla uya kuthi ubekwe yiNkulumbuso yePhondo ngompoposho okwiGazethi yePhondo. 5 15

